ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA
OLONGEZELELWEYO

INkcazelo yeKharityhulam yeSizwe (NKS)

INkcazelo yePolisi yeSizwe yeKharityhulam nokuHlola



IsiGaba esiPhakathi
Ibanga 4-6

basic education
Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

INKCAZELO YEPOLISI YEKHARITYHULAM NOKUHLOLA
IBANGA 4-6

ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO

DISCLAIMER

In view of the stringent time requirements encountered by the Department of Basic Education to effect the necessary editorial changes and layout to the Curriculum and Assessment Policy Statements and the supplementary policy documents, possible errors may occur in the said documents placed on the official departmental websites.

There may also be vernacular inconsistencies in the language documents at Home-, First and Second Additional Language levels which have been translated in the various African Languages. Please note that the content of the documents translated and versioned in the African Languages are correct as they are based on the English generic language documents at all three language levels to be implemented in all four school phases.

If any editorial, layout or vernacular inconsistencies are detected, the user is kindly requested to bring this to the attention of the Department of Basic Education.

E-mail: capslangcomments@dbe. gov. za or fax (012) 328 9828

Department of Basic Education
222 Struben Street
Private Bag X895
Pretoria 0001
South Africa
Tel: +27 12 357 3000
Fax: +27 12 323 0601

120 Plein Street Private Bag X9023
Cape Town 8000
South Africa
Tel: +27 21 465 1701
Fax: +27 21 461 8110
Website: http: //www. education. gov. za

© 2011 Department of Basic Education

ISBN: 978-1-4315-0473-2

Design and Layout by: Ndabase Printing Solution

Printed by: Government Printing Works

FOREWORD BY THE MINISTER



Our national curriculum is the culmination of our efforts over a period of seventeen years to transform the curriculum bequeathed to us by apartheid. From the start of democracy we have built our curriculum on the values that inspired our Constitution (Act 108 of 1996). The Preamble to the Constitution states that the aims of the Constitution are to:

- heal the divisions of the past and establish a society based on democratic values, social justice and fundamental human rights;
- improve the quality of life of all citizens and free the potential of each person;
- lay the foundations for a democratic and open society in which government is based on the will of the people and every citizen is equally protected by law; and
- build a united and democratic South Africa able to take its rightful place as a sovereign state in the family of nations.

Education and the curriculum have an important role to play in realising these aims.

In 1997 we introduced outcomes-based education to overcome the curricular divisions of the past, but the experience of implementation prompted a review in 2000. This led to the first curriculum revision: the *Revised National Curriculum Statement Grades R-9* and the *National Curriculum Statement Grades 10-12* (2002).

Ongoing implementation challenges resulted in another review in 2009 and we revised the *Revised National Curriculum Statement* (2002) and the *National Curriculum Statement Grades 10-12* to produce this document.

From 2012 the two National Curriculum Statements, for *Grades R-9* and *Grades 10-12* respectively, are combined in a single document and will simply be known as the *National Curriculum Statement Grades R-12.* The *National Curriculum Statement for Grades R-12* builds on the previous curriculum but also updates it and aims to provide clearer specification of what is to be taught and learnt on a term-by-term basis.

The *National Curriculum Statement Grades R-12* represents a policy statement for learning and teaching in South African schools and comprises of the following:

(a) Curriculum and Assessment Policy Statements (CAPS) for all approved subjects listed in this document;

(b) *National policy pertaining to the programme and promotion requirements of the National Curriculum Statement Grades R-12*; and

(c) *National Protocol for Assessment Grades R-12.*



MRS ANGIE MOTSHEKGA, MP
MINISTER OF BASIC EDUCATION

ISIQULATHO

ICANDELO LOKU-1: INTSHAYELELO YENKCAZELO YEPOLISI YEKHARITYHULAM NOKUHLOLA 3

1. 1 Imvelaphi 3

1. 2 Amagqabantshintshi 3

1. 3 Iinjongo eziphangaleleyo zekharityhulam yoMzantsi Afrika 4

1. 4 Ukwabiwa kwexesha 6

1. 4. 1 IsiGaba esisisiSeko 6

1. 4. 2 IsiGaba esiPhakathi 6

1. 4. 3 IsiGaba esiPhezulu 7

1. 4. 4 IBanga 10-12 7

ICANDELO LESI-2: UKWAZISA IILWIMI 8

2. 1 Iilwimi kwinkcazelo yePolisi yeKharityhulam nokuhlola 8

2.1.1 Iimigangatho yolwimi 8

2.1.2 Izakhono zolwimi 9

2.1.3 Iindlela zokufundisa ulwimi 13

2. 2 Ukwabiwa kwexesha lolwimi lwaseKhaya kwiKharityhulam 14

2. 3 Izixhobo zokuxhasa ukufunda nokufundisa 14

ICANDELO LESI-3: UMXHOLO NEZICWANGCISO ZOKUFUNDISA IZAKHONO ZOLWIMI 16

3. 1 Amaqhabantshintshi ngezakhono, uMxholo neNdlela 16

3. 2 Ukunatyiswa kweetekisi kumaBanga 4 - 6 23

3.2.1 Itheyibhile yokunatyiswa kwetekisi 23

3 2.2 Isishwankathelo seentlobo zeetekisi kumaBanga 4-6 26

3.2.3 Ubude beetekisi kuLwimi lokuQala Olongezelelweyo 30

3.2.4. Ubude betekisi yolwimi Lokuqala Olongezelelweyo (abafundi abazakusebenza ngazo) 31

3.2.5 Isigama ekufuneka befikelele kuso abafundi boLwimi Lokuqala Olongezelelweyo 31

3. 3 Izicwangciso zokufundisa 31

3. 4 Umxholo nezicwangiso zokufundisa zolwimi lokuqala olongezelelweyo 33

ICANDELO LESI-4: UKUHLOLA 104

4. 1 Intshayelelo 104

4. 2 Ukuhlola okungekho sesikweni okanye kwemihla ngemihla 105

4. 3 Ukuhlola okusesikweni 105

4. 4 Inkqubo yokuhlola 108

4. 5 Ukurekhoda nokunika ingxelo 119

4. 6 Uphononongo lokuhlola 119

4. 7 Ulwazi gabalala 120

ULUHLU LWENKCAZELO YAMAGAMA 121

ICANDELO LOKU-1: INTSHAYELELO YENKCAZELO YEPOLISI YEKHARITYHULAM NOKUHLOLA

1. 1 IMVELAPHI

I*Nkcazelo yePolisi yeKharityhulam nokuHlola yeBanga R-12* icacisa ipolisi yekharityhulam nokuhlola ezikolweni.

Ukuphucula ukusetyenziswa kwayo, INkcazelo yeKharityhulam yeSizwe ihlaziyiwe, yaye olu hlaziyo luya kuqala ukusebenza ngeyoMqungu/ngoJanyuwari 2012. Isifundo ngasinye senzelwe uxwebhu olunye lwePolisi yeKharityhulam nokuHlola endaweni yala maxwebhu madala angala: INkcazelo yeKharityhulam yeSizwe, isiKhokelo seNkqubo yokuFunda kunye nesiKhokelo sokuHlola sesiFundo kwiBanga R-12.

1. 2 AMAGQABANTSHINTSHI

(a) *INkcazelo yePolisi yeKharityhulam nokuHlola yeBanga R-12 (eyoMqungu/Janyuwari 2012)* imele inkcazelo yepolisi yokufunda nokufundisa kwizikolo zoMzantsi Afrika yaye iquka oku kulandelayo:

(i) INkcazelo yePolisi yeKharityhulam nokuHlola yesifundo ngasinye kwezo zifundo zivunyiweyo zesikolo;

(ii) Uxwebhu lwepolisi oluthi, *National policy pertaining to the programme and promotion requirements of the National Curriculum Statement Grades R-12.* ; kunye

(iii) Noxwebhu lwepolisi oluthi, *National Protocol for Assessment Grades R-12 (eyoMqungu/Janyuwari 2012).*

(b) Uxwebhu oluthi, *INkcazelo yePolisi yeKharityhulam nokuHlola yeBanga R-12 (eyoMqungu/Janyuwari 2012)* lungena endaweni yala maxwebhu eNkcazelo yeKharityhulam yeSizwe mabini alandelayo:

(i) i*Revised National Curriculum Statement Grades R-9, Government Gazette No. 23406 of 31 May 2002*, kunye

(ii) ne*National Curriculum Statement Grade 10-12 Government Gazettes, No 25545 of 6 October 2003 and No. 27594 of 17 May 2005.*

(c) Amaxwebhu eNkcazelo yeKharityhulam yeSizwe ekuthethwe ngawo kumhlathi b(i) no(ii), aquka la maxwebhu epolisi alandelayo, aza kuthi aye eyekiswa ngokuyekiswa, kuze endaweni yawo kungene i*Nkcazelo yePolisi yeKharityhulam nokuHlola yeBanga R-12 (eyoMqungu/Janyuwari 2012)* ngo2012 - 2014:

(i) INkcazelo yeKharityhulam yeSizwe yezifundo ngezifundo, isiKhokelo seNkqubo yokuFundisa kunye nesiKhokelo sokuHlola sesiFundo seBanga R-9 neseBanga 10-12;

(ii) Uxwebhu lwepolisi oluthi, *National Policy on assessment and qualifications for schools in the General Education and Training Band*, olubhengezwe kwi*Government Notice No. 124* ekwi*Government Gazette No. 29626 of 12 February 2007*;

(iii) Uxwebhu lwepolisi oluthi, the *National Senior Certificate: A qualification at Level 4 on the National Qualifications Framework (NQF)*, olubhengezwe kwi*Government Gazette No. 27819 of 20 July 2005;*

(iv) Uxwebhu lwepolisi oluthi, *An addendum to the policy document, the National Senior Certificate: A*

qualification at Level 4 on the National Qualifications Framework (NQF), regarding learners with special needs, olupapashwe kwi*Government Gazette, No. 29466 of 11 December 2006,* lufakwe kuxwebhu lwepolisi oluthi, *National policy pertaining to the programme and promotion requirements of the National Curriculum Statement Grades R-12;* kunye

(v) Noxwebhu lwepolisi oluthi, *An addendum to the policy document, the National Senior Certificate: A qualification at Level 4 on the National Qualifications Framework (NQF), regarding the National Protocol for Assessment (Grades R-12)*, olubhengezwe kwi*Government Notice No. 1267* kwi*Government Gazette No. 29467 of 11 December 2006.*

(d) Uxwebhu lwepolisi oluthi, *National policy pertaining to the programme and promotion requirements of the National Curriculum Statement Grades* R-12; kunye namacandelo akwiPolisi yeKharityhulam nokuHlola njengoko ebonisiwe kwisahluko sesi-2, 3 nesesi-4 solu xwebhu aqulethe izithethe nemigangatho ye*Nkcazelo yeKharityhulam yeSizwe yeBanga R-12.* Ngoko ke, olu xwebhu luya kuthi, ngokwe*candelo 6A* le*South African Schools Act* (uMthetho oLawula iZikolo zaseMzantsi Afrika), *ka1996 (uMthetho wama-84 ka1996,)* lwenze isiseko sokuxhobisa umPhathiswa wezeMfundo esisisiSeko ukuba akwazi ukubeka awona manqanaba aphantsi eziphumo nemigangatho, ngokunjalo neenkqubo nemigaqo yokuhlola impumelelo yabafundi, manqanaba lawo aza kusebenza kwizikolo zikarhulumente nezabucala.

1. 3 IINJONGO EZIPHANGALELEYO ZEKHARITYHULAM YOMZANTSI AFRIKA

(a) *INkcazelo yePolisi yeKharityhulam nokuHlola yeBanga R-12* inika isikhokelo kulwazi, izakhono nezithethe (izinto ezixabisekileyo) ezinokufundwa ezikolweni zaseMzantsi Afrika. Le kharityhulam ijonge ukuqinisekisa ukuba abafundi bafumana ulwazi bekwasebenzisa nezakhono ngeendlela ezihambelana nobomi babo bemihla ngemihla. Kungoko ke le kharityhulam ikhuthaza uluvo lokusebenzisa kakhulu iimeko zalapha, kodwa ibe ikwayise iso nemiba ebalulekileyo yehlabathi jikelele.

(b) INkcazelo yePolisi yeKharityhulam nokuHlola yeBanga R-12 yenza oku kulandelayo:

- Ixhobisa abafundi ngolwazi, izakhono nezithethe eziya kubanceda ukuba bakwazi ukuzimela nokuthabatha inxaxheba ekuhlaleni njengabemi belizwe elikhululekileyo; nokuba bavela kweyiphi imo yezentlalo, uhlanga, isini, bekhangeleka njani ngokomzimba okanye bekuliphi inqanaba lengqiqo;
- Ivulela abafundi amathuba okuya kwimfundo ephakamileyo;
- Incedisa abafundi ukuba bakwazi ukuphuma kumaziko emfundo baye kumaziko omsebenzi; yaye
- Inika abaqeshi umfanekiso ocacileyo ngobuchule nolwazi abanalo abafundi.

(c) INkcazelo yePolisi yeKharityhulam nokuHlola yeBanga R-12 isekelwe phezu kwale mithetho-siseko ilandelayo:

- *Ukuphuculwa kwezentlalo:* ukuqinisekisa ukuba kuyalungiswa ukungalingani kwezemfundo okwabangelwa lixesha lobandlululo, nokuba bonke abemi banikwa amathuba emfundo alinganayo;
- *Ukufunda ngokubandakanyeka kusetyenziswa ingqiqo:* ukukhuthaza indlela yokufundisa efuna abafundi ukuba bathathe inxaxheba bebonakalisa ingqiqo, endaweni yokufunda ngokubethelela izimvo nokufunda nje bengaziqiqisisi iinyaniso okanye izimvo abazinikwayo;

- *Ulwazi nezakhono ezikumgangatho ophakamileyo:* ukubekwa kweyona migangatho isezantsi yolwazi nezakhono ekufuneka abafundi bezibonakalise kwibanga ngalinye, kananjalo nokumiselwa kwemigangatho ephezulu enokufikelelwa kuzo zonke izifundo;

- *Ukuqhubela phambili:* umxholo wokufundwayo neemeko ekufundwa phantsi kwazo kwibanga ngalinye ubonisa ukuqhubela phambili, ukususela kokulula ukuya koko kuntsonkothileyo;

- *Amalungelo oluntu, uqukaniso, ukukhathalelwa kokusingqongileyo nobulungisa bezentlalo:* ukufakwa kwemithetho-siseko neendlela zokwenza ubulungisa kwezentlalo nokukhathalela indalo esingqongileyo kwanamalungelo oluntu, njengoko ebekiwe kuMgaqo-siseko weRiphablikhi yoMzantsi Afrika. INkcazelo yePolisi yeKharityhulam nokuHlola yeBanga 10-12 ibonakalisa uvakalelo kwimiba yeyantlukwano enjengendlala, ukungalingani, uhlanga, isini, ulwimi, ubudala, ukuba nenkubazeko neminye imiba;

- *Ukuxatyiswa kolwazi lwemveli:* ukuthathela ingqalelo ubutyebi bembali kunye nelifa lemveli leli lizwe njengeentsika zokuxhasa izithethe eziqulethwe nguMgaqo-siseko; kunye

- *Nentembeko, umgangatho ophezulu, kunye negalelo elibonakalayo:* ukunika imfundo enokuthelekiseka neyamanye amazwe ngokomgangatho, ukunatyiswa kwanokungena nzulu kwayo kwimiba efundiswayo.

(d) INkcazelo yePolisi yeKharityhulam nokuHlola yeBanga R-12 ijonge ukuphuhlisa abafundi abakwaziyo:

- ukuchonga nokusombulula iingxaki bathabathe izigqibo besebenzisa ingqiqo nokucinga okubonakalisa ubugcisa;

- ukusebenza ngempumelelo bebodwa naxa bekunye nabanye njengamalungu eqela;

- ukuzicwangcisa nokuzilawula bona buqu kunye nemisebenzi yabo, loo nto beyenza ngentembeko nangempumelelo;

- ukuqokelela, ukuhlalutya, ukucwangcisa nokuhlaba amadlala ulwazi;

- ukunxibelelana nabanye ngempumelelo besebenzisa ubuchule bokubonwayo, bemiqondiso kunye/okanye nezinye izakhono zolwimi ngeendlela ezahlukeneyo;

- ukusebenzisa inzululwazi nobuchwepheshe ngempumelelo nangokubonisa ukuba noxanduva ngokunengqiqo ekukhathaleleni indalo esingqongileyo nempilo yabanye; kunye

- nokubonisa ukuliqonda ihlabathi ukuba liyiseti yezinto ngezinto ezizalanayo ngokuqaphela ukuba iimeko ezisonjululwa phantsi kwazo iingxaki azizimelanga zodwa geqe.

(e) Ukuqukaniswa kwemfundo kufuneka kube ngundoqo ekulungiseleleni, ekucwangciseni nasekufundiseni kwisikolo ngasinye. Oku kunokwenzeka kuphela xa bonke ootitshala benolwazi oluphangaleleyo malunga nendlela yokuqonda nokusombulula izidingo zokufunda kunye nendlela yokucwangcisela abafundi abangafaniyo.

Undoqo ekulawuleni ukuqukaniswa kwemfundo kukuqinisekisa ukuba izidingo ziyachongwa zize zisonjululwe ngawo onke amaqela enkxaso efanelekileyo asesikolweni, aquka ootitshala, amagosa esithili, amaQela eNkxaso amaZiko athile, abazali neZikolo zabaFundi abaneeMfuno eZizodwa njengamaZiko aXhobisa ngoLwazi. Ukusombulula izidingo eklasini, ootitshala mabasebenzise iindlela ngeendlela zokujongana neyantlukwano kwikharityhulam, ndlela ezo zifana nezo zikuxwebhu lweSebe leMfundo esisisiSeko oluthi *Guidelines for Inclusive Teaching and Learning (2010).*

1. 4 UKWABIWA KWEXESHA

1. 4. 1 IsiGaba esisisiSeko

(a) Ixesha elabelwe ukufundisa kwisiGaba esisisiSeko lumi ngolu hlobo:

ISIFUNDO	IBANGA R (IIYURE)	IBANGA 1-2 (IIYURE)	IBANGA 3 (IIYURE)
ULwimi lwaseKhaya	10	8/7	8/7
ULwimi lokuQala oloNgezelelweyo		2/3	3/4
IMathematika	7	7	7
IzaKhono zoBomi • ULwazi olusisiSeko • ΕξοβυΓχισα • EzemiThambo • UkuziPhatha neNtlalo	**6** (1) (2) (2) (1)	**6** (1) (2) (2) (1)	**7** (1) (2) (2) (1)
LILONKE	**23**	**23**	**25**

(b) Ixesha elabelwe ukufundisa leBanga R, 1 nelesi-2 ziiyure ezingama-23. KwiBanga lesi-3 ziiyure ezingama-25.

(c) IBanga R-2 labelwe iiyure ezilishumi, zize zibe li-11 kwiBanga lesi-3. ULwimi lwaseKhaya lwabelwe ezona lwimi yure zininzi ezisi-8 nezona zimbalwa ezisi-7; luze uLwimi oloNgezelelweyo lwabelwe ezona zimbalwa zibe 2 zize ezona zininzi zibe 3 kwiBanga 1-2. KwiBanga lesi-3 ezona yure zininzi zisi-8, zize zibe si-7 ezona zimbalwa kuLwimi lwaseKhaya; kanti kuLwimi oloNgezelelweyo ezona zimbalwa zi-3, zize ezona zininzi zibe 4.

(d) IMathematika yabelwe iiyure ezisi-7.

(e) KwizaKhono zoBomi, uLwazi lokuQala lwabelwe iyure e-1 kwiBanga R - 2, zi-2 kwiBanga lesi-3, njengoko kubonisiwe kwizibiyeli kwiBanga.

1. 4. 2 IsiGaba esiPhakathi

(a) Ixesha elabelwe ukufundisa kwisiGaba esiPhakathi limi ngolu hlobo:

ISIFUNDO	IIYURE
ULwimi lwaseKhaya	6
ULwimi lokuQala oloNgezelelweyo	5
IMathematika	6
INzululwazi nobuChwepheshe (neTeknoloji) beNdalo	3, 5
INzululwazi yezeNtlalo	3
IzaKhono zoBomi • ΕξοβυΓχισα • EzemiThambo • UkuziPhatha neNtlalo	**4** (1, 5) (1) (1, 5)
LILONKE	**27, 5**

1. 4. 3 IsiGaba esiPhezulu

(a) Ixesha elabelwe ukufundisa kwisiGaba esiPhezulu lumi ngolu hlobo:

ISIFUNDO	IIYURE
ULwimi lwaseKhaya	5
ULwimi lokuQala oloNgezelelweyo	4
IMathematika	4, 5
INzululwazi yezeNdalo	3
INzululwazi yezeNtlalo	3
UbuChwepheshe (iTeknoloji)	2
INzululwazi yoLawulo lwezoQoqosho	2
IsiFundo ngezoBomi	2
ΕξοβυΓχισα	2
LILONKE	**27, 5**

1. 4. 4 IBanga 10-12

(a) Ixesha elabelwe ukufundisa iBanga 10-12 lumi ngolu hlobo:

IZIFUNDO	IIYURE
ULwimi lwaseKhaya	**4. 5**
ULwimi lokuQala oloNgezelelweyo	**4. 5**
IMathematika	**4. 5**
IsiFundo ngezoBomi	**2**
Ubuncinane bazo naziphi izifundo ezithathu ezikhethwe kwi**Qela B** isiHlomelo B, iiTheyibhile B1 - B8 zoxwebhu lwepolisi oluthi, *National policy pertaining to the programme and promotion requirements of the National Curriculum Statement Grades R-12,* ngokuxhomekeke kwimigaqo ebekwe kumhlathi wama-28 wolu xwebhu lwepolisi.	**12 (3x4yr)**
LILONKE	**27, 5**

Ixesha elabelwe ukufundisa ngeveki malisetyenziselwe ukufundisa izifundo ngokweemfuno zezifundo zeNkcazelo yePolisi yeKharityhulam nokuHlola yeBanga R-12 (NKS) ezichatshazelwe apha ngasentla, hayi ezinye izifundo ezongezelelweyo. Ukuba umfundi ufuna ukongeza izifundo, makongezelwe elinye ixesha lezo zifundo azongezileyo.

ICANDELO LESI-2: UKUFUNDISA IILWIMI KWISIGABA ESIPHAKATHI

2. 1 IILWIMI KWINKCAZELO YEPOLISI YEKHARITYHULAM NOKUHLOLA

Ulwimi sisixhobo sokucinga nokunxibelelana. Lukwayindlela yenkcubeko nothando lobuhle abathi abantu babelane ngayo ukuze bakwazi ukuliqonda ilizwe abaphila kulo. Ukufunda ukusebenzisa ulwimi ngendlela eyiyo kubangela ukuba abafundi bafumane ulwazi, bakwazi ukuzazi, ukwazisa iimvakalelo neengcinga zabo, ukunxibelelana nabanye nokukwazi ukulawula ilizwe abaphila kulo. Lukwanika abafundi imifanekiso etyebileyo nemandla kunye neengcinga ezinokusetyenziswa kwilizwe labo ngokungcono nangokucacileyo kunokuba kunjalo. Kusetyenziswa ulwimi ukuvakalisa nokwakha iinkcubeko ezizintlobo ngeentlobo nobuhlobo kwaye kukwangokusebenzisa ulwimi apho olu lwakhiwo lunokuthi lutshintsha tshintshwe, lwandiswe okanye luphuculwe.

2. 1. 1 Imigangatho yolwimi

Ukufunda ulwimi kwiSigaba esiPhakathi kuquka zonke iilwimi ezisemthethweni eMzantsi Afrika, oko kukuthi isiBhulu, isiNgesi, isiNdebele, isiXhosa, isiZulu, Tshivenda, Xitsonga kwaneelwimi ezingekho semthethweni. Ezi lwimi zingafundiswa kwimigangatho eyahlukileyo.

Ulwimi lwasekhaya lulwimi lokuqala oluthi lufundwe ngabafundi. Nangona kunjalo izikolo ezininzi eMzantsi Afrika azilufundisi ulwimi lwaseKhaya lwabafundi abathile okanye lwabafundi bonke abafunda kweso sikolo. Ezi zikolo zikhetha ukufundisa ulwimi olunye okanye iilwimi ezimbini ezikwinqanaba lolwimi lwaseKhaya. Ngenxa yoku ileybheli uLwimi lwaseKhaya nolwimi Lokuqala Olongezelelweyo lubhekiselele kwinqanaba lolwazi lololwimi olo luthi lufundiswe hayi ngokubhekiselele kulwimi lokuzalwa (ulwimi lwaseKhaya) okanye ulwimi olufundwayo(njengolwimi olongezelelweyo).

Umgangatho woLwimi lwaseKhaya unika ulwazi lolwimi olubonisa izakhono zonxibelelwano olusisiseko nabanye abantu, unxibelelwano olo lufunekayo kwiimeko zentlalo kunye nezakhono zokuqiqa zemfundo ezibalulekileyo ekufundeni ikharityhulam. Ugxininiso kulo mgangatho wolwimi lusekufundiseni izakhono zokuphulaphula, ukufunda nokubhala. Lo mgangatho ukwanika abafundi ulwazi loncwadi, ukubonisa uthando lobuhle nokukwazi ukuzakhela umfanekiso ngqondweni. Oku kunika abafundi ithuba lokuyila ngokutsha, ukuyila engqondweni ilizwe abaphila kulo. Nangona kunjalo ugxininiso nexesha elabelwe ukuphula phula nokuthetha kwibanga lesi-7 ukuya phambili liba ngaphantsi kwelo lokufunda nokubhala.

ULwimi Lokuqala elongezelelweyo lubhekiselele kulwimi olungelulo ulwimi lwasekhaya kodwa elisetyenziselwa ukunxibelelana nabanye abantu ekuhlaleni , oko kukuthi njengolwimi lokufunda nokufundisa. Ikharityulam inika inkxaso emandla kwabo bafundi abayakuthi basebenzise ulwimi lokuqala elongezeleweyo okokuqala njengolwimi lokufunda nokufundisa. Ekupheleni kwebanga lesi-9 aba bafundi baya kuba nako ukusebenzisa ulwimi lwabo lwasekhaya kunye nolwimi lokuqala olongezelelweyo ngendlela efanelekileyo nangokuzithemba kwiimeko ezahlukileyo eziquka ukufunda.

EMzantsi Afrika abantwana abaninzi baqala ukusebenzisa ulwimi olongezelweyo, isiNgesi, njengoLwimi lokuFunda nokuFundisa kwiBanga lesi-4. Oku kuthetha ukuba kufuneka bafikelela kwelona zinga liphezulu lobuchule ekusebenziseni isiNgesi ekupheleni kweBanga lesi-3 kwaye kufuneka bakwazi ukufunda nokubhala ngesiNgesi.

Umgangatho woLwimi Lokuqala elongezelelweyo uthatha ukuba abafundi abanalo ulwazi lolu lwimi xa befika esikolweni. Kwiminyaka embalwa yokuqala ugqaliso lusekukhuliseni ulwazi lokuqonda nokuthetha ulwimi – izakhono zokunxibelelana ezisisiseko. Kwibanga lesi-2 nelesi-3 abafundi baqalisa ukukhulisa ukukwazi ukufunda nokubhala kwesi siseko sokuthetha. Bathi basebenzise izakhono zokufunda nokubhala abazifunde kuLwimi lwaseKhaya.

KwisiGaba esiPhakathi nesiGaba esiPhezulu abafundi baqhubeka beqinisa izakhono zabo zokuphulaphula, ukuthetha, ukufunda nokubhala. Kweli nqanaba abantwana abaninzi bafunda ngokusebenzisa ulwimi lokuqala elongezelelweyo, oko kukuthi isiNgesi, kwaye kufuneka bafundiswe olu lwimi ngakumbi. Ugqaliso olumandla ngoko ke malube sekusebenziseni uLwimi Lokuqala elongezelelweyo ngenjongo zokucinga nokuqiqa. Oku kubangela ukuba abafundi bakhulise izakhono zabo zokuqiqa, izakhono ezo abaza kuzifuna ukufunda ezinye izifundo ezifana neNzululwazi ngesiNgesi. Basebenza ngakumbi ngeetekisi zoncwadi kwaye baqalisa ukukhulisa izakhono zokuthanda ubuhle nokukwazi ukuyila engqondweni kulwimi lwabo olongezelelweyo.

Ngexesha abafundi befika kwisiGaba esiPhezulu kufuneka babe bafikelele kwiqondo elamkelekileyo lokukwazi ukusebenzisa ulwimi lwabo olongezelelweyo ngokubhekiselele kwizakhono zokunxibelelana nabanye abantu nezokuqiqa abazisebenzisa ekufundeni. Nakuba kunjalo eliyinyani lelokuba kweli nqanaba abafundi abakakwazi kakuhle ukunxibelelana ngolwimi lokuqala elongezelelweyo. Ngoko ke umceli mngeni kwisiGaba esiPhakathi kukunika inkxaso abafundi ngaxesha linye banikwe ikharityhulam ezakwenza ukuba abafundi bafikelele kwimigangatho efunekayo kumabanga alandelayo. Kufuneka le migangatho ibe kwimo yokuba abafundi bakwazi ukusebenzisa uLwimi Lokuqala oLongezelelweyo kwinqanaba eliphezulu ukubalungiselela imfundo ePhakamileyo okanye umsebenzi.

2. 1. 2 Izakhono zolwimi

Ikharityhulam yolwimi lokuqala olongezelelweyo yenziwe ngokwezi zakhono zilandelayo:

1	Ukuphulaphula nokuthetha
2	Ukufunda nokubukela
3	Ukubhala nokunikezela
4	Izakhi nokusetyenziswa kolwimi

Ukuphulaphula nokuthetha kungundoqo wokufunda kwizifundo zonke. Ngokuphulaphula nokuthetha okuphuhlileyo abafundi baqokelela bahlele ulwazi olufanelekileyo, basombulule iingxaki, banike ezabo izimvo. Izakhono zokuphulaphula ezingundoqo ziyabanceda abafundi baqaphele izinto ezixabisekileyo ezifihlakeleyo kwiitekisi, nokucela umgeni kwingcinga ecalanye kunye nolwimi olusetyenziswe ngobuchule.

KwisiGaba esiPhakathi **abafundi bolwimi lokuqala olongezelelweyo** baya kusebenzisa izakhono zokuPhulaphula nokuphulaphula ukusebenzisana nokufumana intsingiselo. Baya kukhulisa kwizakhono ebeziphuhliswe **kwisiGaba esisiSiseko** ukugcina iincoko ezininzi, iingxoxo nokunikezela iintetho ezimfutshane. Kwesi sigaba intetho ifuna ukuqiniswa (iboniswe kwaye ixhaswe umz. ngesigama nesakhelo sezivakalisi). Utitshala kufuneka aqinisenisekise ukuba bonke abantwana bafumana amathuba okuthetha ngolwimi lwabo lwasekhaya. Kuba abantwana beqhubela phambili ngesantya esahlukileyo, utitshala kufuneka awalungise amathuba okuthetha (umz. Imibuzo ayibuzayo) alungele umgangatho womntwana ngamnye. Njengokuba abafundi beqhubela phambili kumabanga alandelayo utitshala makalindele ukuba abantwana baza kuthetha kakhulu kwaye intetho yabo ibende.

Ukufunda kuya kwakhiwa kwiintlobo ngeentlobo zeetekisi ebezifundiswe kwisiGaba esisisiSeko (umz. amabali, ukubalisa kwakhona, nemiyalelo, kwaye abafundi baza kufundiswa iindidi zezicatshulwa ezintsha (umz. izicatshulwa ezinika ulwazi, iintlobo ngeentlobo zamabali, iingxelo zomlomo neentetho ezimfutshane).

Ixesha lokufundisa maliquke imisebenzi yemihla ngemihla yokuziqhelisa nemisebenzi yokuphulaphula nokuthetha

kunye nemisebenzi emidana egqalileyo, imisebenzi leyo emayinatyiswe evekini.

Ukufunda nokubukela

Izakhono **zokufunda nokubukela** ezigqibeleleyo zingundoqo wokufunda okuyimpumelelo kwiKharityhulam. Abafundi bakhulisa ukukwazi ukufunda nokubukela iintlobo ngeentlobo zeetekisi zoncwadi neetekisi ezingezizo ezoncwadi , kuquka neetekisi ezibonwayo. Bathi baqaphele ukuba uhlobo lwetekisi nesimbo sokubhala ziyibonisa njani injongo, abaphulaphuli nemeko yeetekisi. Ngokufunda eklasini nangokuzifundela ngabanye abafundi baba ngabantu abakwazi ukucinga ngokuphicothayo nangokuyilayo.

. Ukufunda kunika abafundi amathuba okuveliswa kulwimi lwabo olongongezelelweyo. Siyazi kuphando ukuba ukukhula kwesigama sabantwana kuxhomekeke kakhulu kumthamo wokufunda abathi bakwenze.

KwisiGaba esiPhakathi uya kuthi wandise kulwazi abasele benalo abalufumene kwiBanga labaQalayo (R) ukuya kwiBanga lesi-3. Ukuba kuyimfuneko, sebenzisa indlela yokufunda apho athi utitshala afunde kunye nabantwana kanye ekuqaleni kweBanga lesi-4 ukukhokelela abafundi kwesi sigaba. Ungasebenzisa olu hlobo lokufunda ngamaxesha athile xa kunothi kanti unazo iincwadi ezinkulu ezaneleyo ezilungiselelwe olu hlobo lokufunda, maxa wambi utshintshe ubalise ibali. Ukuba akunazo iincwadi ezinkulu kwesi sigaba ungasebenzisa itekisi ekwincwadi yokufunda okanye incwadi yamabalana. Ungasebenzisa indlela yokufunda apho ufunda kunye nabafundi okanye ubafundelayo, bona bemamele.

Sebenzisa indlela yokufunda apho utitshala axhasa abafundi ngokwamaqela nendlela apho abantwana bathi bazifundele ngabanye okanye ngababini uze ke ubayeke kancincinane ukuba bazifundele rhoqo ngabanye. Ukuzifundela ngabanye okukhankanyiweyo kwisicwangciso sokufunda makwenziwe ngexesha elimiselwe ukufunda. Bakhuthaze abantwana ukuba bazifundele ngabanye ngalo lonke ixesha bengenanto yakwenza.

Uya kuthi ke ubanike iintlobo ngeentlobo zemisetyenzana yokukhangela ukuqonda ukuqinisekisa ukuba bakuqondile na oko bebekufunda.

Inkqubo yokufunda

Inkqubo yokufunda inezi zigaba: phambi kokufunda, ukufunda, emva kokufunda. Imisetyenzana eza kwenziwa ngumfundi ingashwankathelwa ngolu hlobo:

Phambi kokufunda:

- Khangela ulwazi lwangaphambili
- Qwalasela incwadi umbhali, umhla wokupapashwa
- Funda umhlathi wokuqala nowokugqibela wesiqendu
- Thelekelela

Ukufunda:

- Nqumama ngamaxesha athile ukhangele ukuba uyalandela na unike nethuba lokuba wetyise iingcinga
- Thelekisa umxholo woqikelelo lwakho
- Sebenzisa imeko yesicatshulwa ukufumanisa intsingiselo yamagama ongawaziyo kangangoko . Ukuba oku

akwenzeki sebenzisa isichazi-magama.

- Yila umfanekiso ngqondweni woko ukufundayo
- Qhuba ufunde noxa uneendawo ezithile ongaziqondiyo
- Ukuba unendawo ongakhange uyiqonde yifunde kwakhona. Zifunde ngokuvakalayo iindawo ongaziqondiyo, ngesantya esiphantsi. Ungakwenza oku ngaxeshanye.
- Cela umntu akuncede kwezo ndawo zinzima ungakhe uziqonde kakuhle
- Fakela iimpawu ezithile njengokuba ufunda uze ubhale amanqaku aphambili/abalulekileyo
- Bonakalisa iingcinga zakho ngoko ukufundileyo

Emva kokufunda:

- Ukuba ufuna ukukhumbula ulwazi oluthile ungazenzela umzobo othile (umz. Imephu yengqondo) (*mind map)*) okanye ubhale phantsi izimvo ezingundoqo nezixhasayo
- Yenza izigqibo
- Shwankathela ukwenzela ukunceda ukucacica nokukhumbula iingcinga eziphambili
- Cinga uze ubhale imibuzo onayo emitsha ngesihloko
- Zibuze umbuzo wokuba ingaba uyiphumezile na injongo yakho
- Qonda – yitsho ukuba usilandele na isicatshulwa
- Hlela ingcinga ecalanye, ukuchaneka, umgangatho wesicatshulwa
- Yandisa ukucinga kwakho - sebenzisa izimvo ozifumene kwisicatshulwa

Inkqubo yokubhala nokunikezela

Ukubhala sesona sixhobo sinamandla sokunxibelelana nesithi sivumele abafundi bayile, bakhe, bavakalise iingcinga zabo ngokuvakalayo. Ukuziqhelanisa nokubhala rhoqo, kwiimeko ngeemeko ezahlukileyo, kwimisebenzi nakwizifundo kwenza abafundi benze unxibelelwano ngokuyilayo. Ukubhala okuxhaswe ngokufanelekileyo kusetyenziswa isakhelo, kuvelisa ababhali abagqibeleleyo, abanolwazi oluphangaleleyo, nabanokusebenzisa izakhono zabo ukuvelisa iindidi zeetekisi ezifanelekileyo ezibhaliweyo, ezibonwayo neziviwayo ngokweenjongo ezahlukileyo. KwisiGaba esiPhakathi, abafundi bolwimi lokuqala olongezelelweyo baya kufuna inkxaso nokukhokelwa ngenyameko ukuze bavelise izakhono zokuvelisa iitekisi ezibhalwayo.

Ukubhala kubalulekile kuba kunyanzela abafundi ukuba bacinge ngegrama nopelo. Oku kukhuthaza abafundi ukuba bavelise ulwimi, bakhawulezise ukufunda ulwimi nokukhulisa ukusebenzisa ulwimi oluchanekileyo. Abafundi baya kufunda ukubhala uludwe lweetekisi eziyilayo neetekisi ezinika ulwazi okokuqala besebenzisa isakhelo njengendlela yokufumana inkxaso baze ke kancinci bafunde ukubhala itekisi ethile ngabanye kwaye ngaphandle kwenkxaso. Baya

kuthi kwakhona basebenzise inkqubo yokubhala ukuvelisa iitekisi ezibhalwayo ezicwangciswe kakuhle nezinegrama echanekileyo.

Inkqubo yokubhala

Ukubhala nokuyila itekisi yinkqubo enala manqanaba alandelayo:

- Phambi kokubhala / Ukucwangcisa
- Uyilo lokuqala
- Uhlaziyo
- Hlela/Vavanya uyilo lokuqala ngokuthi ulungise iziphene zegrama, upelo, iziphumlisi, njl.
- Ukupapasha/ Ukunikezela

Abafundi kufuneka banikwe ithuba lokuziqhelanisa nale nkqubo kwaye kufuneka benze oku kulandelayo:

- Enza isigqibo ngenjongo nabaphulaphuli besicatshulwa eso baza kusibhala okanye baza kusivelisa
- Jula izimvo umz. Basebenzise imephu yengqondo (*mind map*), iflowu-tshati okanye uluhlu lwezinto
- Khangela iindawo/iincwadi ezinxulumene noko bakufunayo, baze bakhethe ulwazi oluchanekileyo ukuze bacwangcise kakuhle izimvo
- Velisa uyilo lokuqala oluthathela ingqalelo injongo, abaphulaphuli, isihloko kunye nesakhiwo sesicatshulwa
- Funda uyilo lokuqala ngokugwebayo uze ufumane ingxelo kwabanye abafundi okanye kutitshala
- Hlela okanye vavanya uyilo lokuqala ngokuthi ulungisa iziphene (zegrama, upelo, iziphumlisi) aze:
- Velisa uyilo lokugqibela olucocekileyo nolufundekayo

IZAKHI NEMIGAQO YOKUSETYENZISWA KOLWIMI

Ulwazi olululo lwesigama negrama lunika isiseko esisiso sokuphuhlisa izakhono (ukuphula phula , ukuthetha, ukufunda nokubhala) kuLwimi lokuQala oloNgezelelweyo. l KwisiGaba esiPhakathi abafundi baya kwakha kwisiseko esisekwe kwisiGaba esisisiSeko (R - 3).

Abafundi baza kufunda **ngezakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi**, bavelise ulwimi lokuthetha ngolwimi (*meta language*), ukuze babe nako ukuphichotha iitekisi zabo kwakunye nezinye iitekisi ngokwentsingiselo, ukuba nefuthe nokuchaneka. Baya kuthi babe nako ukusebenzisa olu lwazi ukwenza umfuniselo ngolwimi ukwakha intsingiselo kumanqanaba amagama nezivakalisi kwitekisi yonke , ze babone ukuba itekisi nemeko yayo zinxulumana njani. Ngokusebenza ngeentlobo ngeentlobo zeetekisi abafundi bandisa indlela yokusebenzisa isigama baze basebenzise ngokuchanekileyo ukuqonda kwabo

IZakhi neMigaqo yokusetyenziswa kolwimi.

Kulindeleke ukuba izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi ifundiswe kwimeko ethile njengokuba ezinye izakhono zolwimi zifundiswa kwaye ziphuhliswa. Isicwangciso sokufundisa siqulathe uluhlu lwemiba emayifundiswe phantsi kwezakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi kwibanga ngalinye. Xa ukhetha iitekisi zokuphulaphula nokufunda

kumjikelo ngamnye weveki ezimbini qinisekisa ukuba ziqulathe eminye imiba yolwimi ofuna ukuyifundisa. Yila imisebenzi ehambelana nezi tekisi eza kubangela ukuba abafundi besebenzise le miba yolwimi kwimeko leyo. Iitekisi ezibhalwayo nezibhalwa ngabafundi nazo maziquke eminye imiba yolwimi. Nika abafundi isikhokelo sokusetyenziswa ngokufanelekileyo nangokuchanekileyo kwale miba yolwimi. Khetha eminye yale miba abathi bayifumane inzima abafundi uze ubanike imisebenzi esesikweni yokuziqhelanisa naloo miba. KwisiGaba esiPhakathi imizuzu engamashumi amathathu ibekelwe bucala ukuba kufundiswe kwaye kwenziwe imisebenzi yokuziqhelanisa nezakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi.

2. 1. 3 IINDLELA ZOKUFUNDISWA KOLWIMI

Iindlela zokufundiswa kolwimi zisekelwe kwiitekisi, kwindlela yokufundisa ulwimi ngokunxibelelana, nezifundisa ngokwenkqubo. Indlela yokufundisa esekelwe kwiitekisi nendlela yokufundisa ulwimi ngokunxibelelana kuxhomekeke kusetyenziso rhoqo nokuveliswa kweetekisi.

Indlela yokufundisa esekelwe kwiitekisi ziphononongа indlela iitekisi ezisebenza ngayo. Injongo yale ndlela incedisa ukuba abafundi babalasele, bazithembe njengabahleli, ababhali abagqibeleleyo nabaqambi beetekisi. Ibandakanya ukuphulaphula, ukufunda, ukubukela nokuhlela iitekisi ukuqonda indlela ezakhiwe ngayo ndawonye nefuthe lazo.

Ngale ndlela abafundi baba nako ukuhlola iitekisi. Indlela yokufundisa esekelwe kwiitekisi ibandakanya ukuvelisa iindidi ezahlukileyo zeetekisi kusenzelwa iinjongo nababukeli abathile. Le ndlela isekwe phezu kokuqonda iindlela ezakhiwe ngazo iitekisi. Kwiklasi yoLwimi lokuqala olongezelelweyo ukufundiswa kwale ndlela kufuna ukuba abantwana baboniswe kangangoko kwaye baxhaswe. Ingcebiso zoku zinikiwe kwisicwangciso sokufunda.

Indlela yokufundisa ulwimi ngokunxibelelana icebisa ukuba xa umfundi efunda ulwimi makaveliswe kulwimi olo kugxilwe kulo, anikwe namathuba okuziqhelisa okanye avelise ulwimi ngokunxibelelana ekuhlaleni. Ufundo lolwimi malugxininiswe eklasini apho izakhono zokufunda / ukubukela nokubhala / ukunikezela zifundwa khona ngokufunda nokubhala rhoqo.

Ufundiso lolwimi lwenzeka ngendlela enxulumeneyo, utitshala ebonisa indlela eyiyo nefanelekileyo, abafundi beziqhelisa nezakhono ezifanelekileyo emaqeleni phambi kokuzisebenzisa izakhono eyedwa umfundi. Ukwakhiwa kwesifundo ngasinye makube koko kwenziwa yiklasi yonke ngaphambi kokuziqhelanisa emaqeleni nokusebenzisa

isakhono esitsha ngabanye. Amagama asetyenzisiwayo ngala **ukuphulaphula nokuthetha, ukufunda nokubhala notitshala, amaqela, ukufunda nokubhala ngoncedo lukatitshala nayedwa.**

2. 2 UKWABIWA KWEXESHA LOLWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO KWIKHARITYHULAM

Ixesha lokufundisa kuLwimi Lokuqala Olongezelelweyo kwisiGaba esiPhakathi ziiyure ezi-5 ngeveki. Zonke iimfuno zolwimi zifundiswa ngomjikelo weeveki ezimbini (iiyure ezili-10-). i. Kumjikelo weeveki ezimbini olu lwabiwo lwexesha lwezakhono zeelwimi ezahlukileyo luyacetyiswa.

Izakhono	**Ukwabiwa kwexesha ngokomjikelo weeveki ezimbini (iiyure)**		
	Ibanga 4	**Ibanga 5**	Ibanga 6
*Ukuphulaphula nokuthetha (iorali)	Iiyure ezi-2	Iiyure ezi-2	Iiyure ezi-2
*Ukufunda nokubukela	Iiyure ezi-5	Iiyure ezi-5	Iiyure ezi-5
*Ukubhala nokunikezela	Iiyure ezi-1	Iiyure ezi-2	Iiyure ezi-2
Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi	Iyure e-1	Iyure e-1	Iyure e-1
	* Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi nendlela ezisetyenziswa ngayo zinxulunyaniswe kwixesha elabelwe ezinye izakhono zolwimi ezine. Kukwakho ixesha elabelwe ukuziqhelanisa okusesikweni. Izakhono zokucinga nokuqiqa zinxulunyaniswe nezakhono ezifunwayo zokuPhulaphula nokuthetha, ukuFunda nokuBukela nokuBhala nokuNikezela.		

2. 3 IZIXHOBO ZOKUXHASA UKUFUNDA NOKUFUNDISA

Abafundi mababe noku kulandelayo kuLwimi lwaseKhaya kwiBanga lesi-4 ukuya kwelesi-6:

IBanga lesi-4 ukuya kwelesi-6	
Izixhobo ezingundoqo	
Iincwadi ezicetyiswayo	√
Isichazi-magama	√
Incwadi/iincwadi zokufunda enezintlobo zeetekisi zilandelayo	
	√
Amabali amafutshane	√
Idrama	√
Isihobe / umbongo	√
Iitekisi ezinika ulwazi	√
Iitekisi ezinezinto zentlalo	√
Iitekisi zokusasaza iindaba	√
Imathiriyeli yokusasaza iindaba	
Amaphephandaba	√
Iimagazini	√
Iinkqubo zikamabonakude	√
Iinkqubo zikanomathotholo	√

Ootitshala boLwimi Lokuqala Olongezelelweyo mababe nezi zinto zilandelayo:

(a) INkcazelo yePolisi yeKharityhulam nokuHlola

(b) I*Language in Education Policy* (IPolisi yokufundisa iiLwimi)

(c) Iincwadi zoLwimi Lokuqala Olongezelelweyo ezichongelwe ukusetyenziswa ngabafundi nezo zinguvimba ukongeza kwezo zichongiweyo.

(d) Isichazi-magama (eyolwimi olunye, ezimbini, ezininzi, ithesawurasi ne-ensayiklophidiya

(e) Iintlobo zoncwadi ezichongiweyo

(f) Iindidi zemathiriyeli yokusasaza iindaba: amaphephandaba, iimagazini, iibrowusha

(g) Babenethuba lokufumana izixhobo eziviwayo / ezibonwayo ukuze zisetyenziswe eklasini

Izixhobo zokufundisa eklasini

a) Uluhlu lweetekisi ezibandakanya amanqanaba okufunda awohlukileyo umz. iincwadi zokufunda ezikhethiweyo zeklasi ezineekopi ezinetekisi ezaneleyo kwinqanaba ngalinye

b) Iintlobo ngeentlobo zeemathiriyeli eneetekisi ezibonwayo umz : amaphephandaba, iimagazini, ibrowutsha, iintengiso, iipowusta, izibhengezo

c) Iizixhobo eziviwayo/ezibonwayo

ICANDELO LESI-3: UMXHOLO NEZICWANGCISO ZOKUFUNDISA IZAKHONO ZOLWIMI KWISIGABA ESIPHAKATHI

3. 1 AMAGQABANTSHINTSHI NGEZAKHONO, UMXHOLO NEENDLELA ZOKUFUNDISA ULWIMI

Oku kulandelayo ngamagqabantshintshi omxholo, izakhono neendlela ezizakufunyanwa kwisicwangciso sokufunda.

Itheyibhile yamagqabantshintshi omxholo, izakhono neendlela.

IBanga lesi-4 ukuya kwelesi-6		
Izakhono	**Umxholo**	**Iindlela nezakhonwana**
Ukuphulaphula nokuthetha	• Isicatshulwa esiphulaphulwayo: • Iintlobo zonxibelelwano lomlomo - Incoko - Izalathiso nemiyalelo - Ukubalisa ibali kwakhona - Ukubalisa ibali - Ukulinganisa - Ingxoxo yeqela - Iintetho ezimfutshane - Imibongo emifutshane nezicengcelezo - Imidlalo yolwimi	**Ukuphulaphulela ukuqonda nokuthetha** • Ukubhala amanqaku, uluhlu, ukwenza izishwankathelo, ukucacisa imibuzo, ukuvakalisa izimvo zakhe • Ukukhumbula iinkcukacha ezithile, ukubonakalisa intetho esetyenziswa rhoqo ebonisa abantu abathile ngohlobo oluthile nebonisa ingcinga ecalanye, ukuchaza uze uxoxe ngabalinganiswa, isakhiwo sebali nesimo sentlalo **Unxibelelwano ngemiba yezentlalo** • Qalisa nokugcina incoko • Nikana amathuba kwincoko • Ukwabelana ngeengcinga namava • Khuthaza ukusetyenziswa kolwimi olongezelelweyo **Iintetho ezilungiselelweyo nezingalungiswanga** • Uphando • Lungisa izimvo ngokuvakalayo • Khetha uze uphuhlise iingcinga ezingundoqo kunye nezixhasayo unike imizekelo • Uyilo olululo, isigama, ulwimi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi • Imvakalozwi, ukuhla nokunyuka kwelizwi, isantya, ukunamathela kweliso, indlela yokuma nezijekulo • Intshayelelo nesiphelo esifanelekileyo • Sebenzisa izincedisi ezibonwayo neziviwayo, ezijengezi: iitshati, iipowusta, imifanekiso njl-njl

IBanga lesi-4 ukuya kwelesi-6		
Izakhono	**Umxholo**	**Iindlela nezakhonwana**
Ukufunda nokubukela	Iintlobo zoncwadi oluchongiweyo • Amabali amafutshane umz amabali alemihla, amabali angeyonyani, amabali emveli, amabali odelo-ngozi, imbali ngobomi bomntu, amabali embali • Umdlalo weqonga • Imibongo/Imihobe • Iitekisi ezinika ulwazi umz. Iitekisi ezibonisa inkqubo, iitekisi ezinika ulwazi ngokulandelelanis iziganeko, iitekisi ezinika iinkcazelo neziganeko umz ingxelo • Iitekisi ezingezinto zentlalo umz. izimemo, amakhadi emibuliso , ileta • Iitekisi eziviwayo nezibonwayo umz. iintengiso, iingxelo zamaphephandaba, amanqaku emagazini, izibhengezo neephamflethi • Ilitherasi ebonwayo: ukubhengeza(ipowusta iphamflethi, ikhathuni, imicwe yokuhlekisa, imizobo, igrafu, itheyibhile, itshati) Iintlobo zokufunda • Ukufunda ezo iitekisi ezithile ezinikiweyo : • Imisebenzi yesicatshulwa, ukwenza izishwankathelo njl-njl • Ukufunda okwandisiweyo kweetekisi : ingxoxo, isigxeko-ncomo sencwadi (irivyu yencwadi) iiprojethi • Ukufunda okungalungiswanga nokufunda okulungisiweyo • Ukufunda ngokuvakalayo okulungisiweyo nokungalungiswanga	**Ukufunda /ukubukela** Sebenzisa le ndlela : Phambi kokufunda, ukufunda, emva kokufunda • Ukuqonda itekisi • Ukufunda uqaphelisisa itekisi nokufunda nzulu (isicatshulwa esifundwayo) • Ukubonisa ukukwazi ukuzifundela (ukufundela ukuzonwabisa, ulwazi nokufunda) Fundisa abafundi oku : **Iimpawu zetekisi**- itayitile yencwadi, imizobo, iigrafu, iitshati, iinombolo, amanqaku abhalwe kwimizobo okanye ngasezantsi kwayo, izihloko zeendaba, uyilo umz. umhlathi wephephandaba njl-njl **Isakhiwo setekisi-** uluhlu, ulandelelaniso olucwangcisiweyo, inkcazelo, inkqubo, inqaku elingundoqo namanqaku axhasayo, ukulandelelana kwebali. **Iindawana zencwadi-** Itayitile, isiqulatho, izahluko, inkcazelo yamagama **Iindlela zokufunda nokubukela** • Ukrwaqula ukufumana iingcinga ezithile • Ukufunda ngokukhawuleza ukufumana iinkcukhacha ezixhasayo • Ukwenza ingqikelelo aze asebenzise imikhondo ukunika, intsingiselo, nokwenza intelekelo • Ukuphinda ufunde • Ukusebenzisa imikhondo ukwenza intelelelo yamagama angaqhelekanga • Ukubhala amanqaku(iingcinga eziphambili nezixhasayo) • Ukushwankathela iingcinga eziphambili nezixhasayo ngokwamanqaku/umhlathi ngokobude obufunekayo • Ukucacisa • Ukwenza ingqikelelo usebenzisa imikhondo ethile • Ukuchaza imbono yombhali • Ukwenza izigqibo/ukunika uluvo lwakhe • **Ilitherasi ebonwayo (Iitekisi ezibonwayo) (**uludwe lweemizobo kunye neetekisi ezibonwayo, isaziso, ipowusta, iikhomiki, iifoto, imifanekiso • Ubuchule bokuqaphela intetho ecengayo: Ulwimi oluchukumisa imvakalelo, ingcinga ecalanye • Impembelelo zempawu zoyilo, umz uhlobo lwefonti nobungakanani, izihloko, amanqaku angemifanekiso, imifanekiso

IBanga lesi-4 ukuya kwelesi-6		
Izakhono	**Umxholo**	**Iindlela nezakhonwana**
Ukufunda nokubukela		**Isihobe:** • Intsingiselo ethe gca • Intsingiseto efihlakeyo • Umxholo nomyalezo • Umifanekiso ngqondweni umz. Isifaniso, isimntwiso, ukukhetha amagama, imvakalozwi, iimpendulo ezichukumisayo • Izixhobo zesandi umz. Imigca, amagama, izitanza (imihlathi), imvano ziphelo, isingqisho, iimpawu zokufunda (iziphumlisi), uphinda phindo, imfano zandi • Qonda isigama aze axoxe ngokhetho lwamagama, imigca, izitanza, imvano-siphelo, isingqisho, neempawu zokubhala , imfano-zandi (ukufana kwezikhamiso, ukufana wamaqabane), isifanadumo.

IBanga lesi-4 ukuya kwelesi-6		
Izakhono	**Umxholo**	**Iindlela nezakhonwana**
		Amabali, Imidllalo yeqonga Iimpawu eziphambili zeetekisi • Isakhiwo sebali • Abalinganiswa • Ukwakhiwa kwabalinganiswa • Umxholo nomyalezo • Imvelaphi nesimo sentlalo • Isakhiwo setekisi ukumila nobungakanani bayo • Iimpawu eziphambili zetekisi Iitekisi ezinika ulwazi nezentlalo • Ababukeli nenjongo • Iingcinga eziphambili nezixhasayo/iinkcukacha ezithe ngqo • Isakhiwo nokumila nobukhulu betekisi • Iimpawu eziphambili zetekisi **Ukufundwa ngokuvakalayo okulungisiweyo** • Sebenzisa ithoni, imvakalozwi, isantya Ukunamathela kweliso • Phimisela/Biza amagama ngendlela engatshintshi ntsingiselo **Ukufundwa ngokuvakalayo okungalungiswanga** • Funda ngokuqhabalaka ngokwenjongo ethile • Phimisela/Biza amagama ngendlela engatshintshi ntsingiselo ngokuvakalayo) • Funda ngokufanelekileyo • Phimisela amagama ngendlela engatshintshi ntsingiselo, • Sebenzisa ithoni, isantya, ukunamathela kweliso. ngokuvakalayo) • Sebenzisa ithoni, imvakalozwi, ukunamethela kweliso, intetho • Phimisela amgama ngendlela engatshintshi intsingiselo Ukufundwa okungalungiswanga (ukufunda ngokuvakalayo) • Funda ngokufanelekileyo • Phimisela amagama ngendlala engatshintshi ntsingiselo, • Sebenzisa ithoni, imvakelozwi, ukunamathela kweliso, intetho yomzimba, isantya , ukunamathela kweliso

IBanga lesi-4 ukuya kwelesi-6		
Izakhono	**Umxholo**	**Iindlela nezakhonwana**
Ukubhala nokunikezela	• Ukubhala amagama umz. uluhlu • Ukubhala izivakalisi • Ukubhala imihlathi • Ukubhala ngoyilayo • Ezichazayo umz. unkcazelo yabantu, yendawo, izilwanyana, izityalo, izinto njl-njl • Izincoko ezibalisayo umz. amabali, ukubalisa ulandelelanisa iziganeko, idayari, imbali yomntu ayibhale ngokwakhe • Ezinika umfanekiso ngqondweni umz imibongo emifutshane • Incoko yababini nemidlalo emifutshane esekelwe kumabali **Iitekisi ezimfutshane (**ezentlalo, ezilandela izakhiwo ezithile, ezibonwayo neziviwayo, ezinika ulwazi) • Amanqaku, imiyalezo, iileta, amakhadi emibuliso, izimemo • Iipowusta, izaziso, ibrowutsha, iintengiso • Iintetho ezibhalwayo ezimfutshane • Iitekisi ezibonisa inkqubo umz iiresipi, imiyalelo, imifuniselo • Ezinika ulwazi ngokulandelelanisa iziganeko umz iingxelo zeendaba, iingxelo zeenkqubo, iingxelo zezinto ezenzekileyo ebeziqwalaselwe • Iitekisi ezinika ulwazi ezivela kwezinye izifundo, iitekisi ezinika ulwazi, isigxeko-ncomo sencwadi (irivyu) **Iitekisi ezibonwayo** Umz. itheyibhile, iitshati, iimephu zengqondo, imizobo, iigrafu	**Inkqubo yokubhala** • Phambi kokubhala / Ukucwangcisa • Uyilo lokuqala • Uhlaziyo • Hlela/Vavanya uyilo lokuqala ngokuthi ulungise iziphene zegrama, upelo, iziphumlisi, njl. • Ukupapasha/ Ukunikezela **Phambi kokubhala/Isicwangciso** • Cinga ngababukeli nenjongo • Cinga ngohlobo lokubhala • Jula izimvo usebenzisa imephu yengqondo • Cwangcisa izimvo **Ukubhala uyilo lokuqala** • Ukhetho lwamagama • Ukwakha izivakalisi • Iingcinga eziphambili nezixhasayo • Iimpawu ezithe ngqo ngokwetekisi efundwayo umz. Iintetho ethe ngqo kwincoko yababini • Ukufunda akubhalileyo ngokuhlaba amadlala • Ukufumana ingxelo kutitshala nakwabanye abafundi **Ukuhlaziya/ukuhlela/ukuvavanya uyilo lokuqala ukulungisa iziphene nokunikezela** • Ukuhlaziya: ukuphucula umxholo nokwakhiwa kweengcinga • Ukucokisa ukukhethwa kwamagama, nokwakhiwa kwezivakalisi nemihlathi • Lungisa iziphene : ukulungisa iziphene zegrama, upelo neziphumlisi • Nikezela uyilo lokugqibela olucocekileyo nolucacileyo

Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimo
Umxholo ekufuneka wenziwe ukhankanyiwe apha ngezantsi Iindlela nezakhonwanana: Abafundi kufuneka bachonge, baqonde baze basebenzise izakhi zolwimi nemigaqo ekhankanywe apha ngezantsi. Kufuneka bafunde kwakhona ukuyisebenzisa le migaqo. **Ukuphuhliswa kwesigama** nako kukhankanyiwe kweli candela.
Izibizo
Hlaziya izibizo ezifundwe kwiSigaba esisiSiseko.
Hlaziya izibizo esikwazi ukuzibala umz. Incwadi-iincwadi nesingakwazi ukuzibala umz. amanzi
Khulisa ukuqonda nokusetyenziswa kwezibizo esingakwazi ukuzibala umz uthando
Sebenzisa izibizo ezinezininzi kuphela umz amasi
Sebenzisa izibizo ngokuchanekileyo umz. Amagama abantu abhalwa ngoonobumba abakhulu
Sebenzisa isini sobuduna nesobukhomokazi umz inkunzi-imazi
Sebenzisa izibizo ezingaziboniyo nesingakwazi ukuzibamba umz. Ukufa, uthando
Sebenzisa izibizo ezimbaxa umz. utatomkhulu, uZanemvula
Izimelabizo
Hlaziya izimelabizo zoqobo umz . mna, wena, yena, bona
Hlaziya izimelabizo zokwalatha umz. Le, aba, ezo
Izichazi
Hlaziya iziphawuli umz nkulu, ncinci, hle
Hlaziya ukusetyenziswa kweziphawuli umz Inja encinci. Umntwana omhle (isiphawuli emva kwesibizo)
Sebenzisa intlobo ngeentlobo zezibaluli umz. mbi, mde, badala
Izenzi
Phuhlisa ukusetyenziswa kwezivumelanisi zezenzi. Isivumelanisi sentloko nesenjongsenzi umz Umama uyapheka- u-u sisivumelanisi sentloko Umama uyazihlamba iimpahla, u-zi sisivumelanisi senjongosenzi
Sebenzisa iziyaleli umz Yima
Amaxesha ezenzi
Phuhlisa amaxesha asetyenziswe kwiSigaba esisiSiseko aquka ixesha langoku, elidlulileyo, elizayo
Sebenzisa amaxesha ngokufanele uhlobo lwetekisi leyo ifundwayo • Ukuchaza iintshukumo eziqhelekileyo. Ndihlamba amazinyo yonke imihla
Ukusebenzisa amaxesha ngokufanele itekisi leyo ifundwayo • Ixesha elidlulileyo umz. Uhambile waya edolophini
Sebenzisa amaxesha ngokufanele uhlobo lwetekisi leyo ifundwayo • Ixesha elizayo umz. Ndiza kupheka inyama
Izihlomelo
Qalisa ukusebenzisa izihlomelo Umz : isihlomelo sexesha : , izolo , Isihlomelo sendawo umz ekhaya Isihlomelo sobunjani umz kancinci, kabuhlungu

Iizhlanganisi
Sebenzisa izihlanganisi ukubonisa isizathu umz. kuba
Sebenzisa izihlanganisi ukubonisa umahluko umz kodwa
Ukwakhiwa kwezivakalisi
Yakha izivakalisi ezilula
Yakha izivakalisi ezimbaxa
Sebenzisa isiyaleli
Sebenzisa isilanduli
Sebenzisa izixando
Sebenzisa intetho-ngqo
Qalisa ukunakana ingxelo-ntetho
SEBENZISA IIMPAWU ZOKUBHALA/IZIPHUMLISI
Hlaziya iimpawu zokubhala ezenziwe kwiSigaba esisiSiseko umz. Oonobumba abakhulu, isingxi, ikoma, uphawu lombuzo.
Sebenzisa oonobumba abakhulu ukubhala amagama abantu neendawo
Sebenzisa ikoma ukwahlula udweliso lwezinto ezininzi
Sebenzisa iimpawu zokhuzo
Sebenzisa iimpawu zocaphulo ukubonisa intehto-ngqo
Sebenzisa ikoloni ukubonisa intetho-ngqo kumdlalo nakwincoko yababini, sebenzisa ikoloni xa udwelisa izinto
UKUPHUHLISWA KWESIGAMA
Qalisa ukuqonda nokusebenzisa : • Amagama aquka izinto umz inja, ikati zizilwanyana zasekhaya • Izifanokuthi (amagama athetha into enye umz. ukufa, ukubhubha) • Izichasi (amagama aneentsingiselo ezichaseneyo umz rhabaxa-mpuluswa
Nakana indlela amagama awakhiwe ngayo • Iizibizo ezimbaxa umz. ULisilomzi • Ukusebezisa izimaphambili nezimamva ukwakha amagama umz indoda -indodana
Qala ukuqonda ukusebenzisa isigama esithile • Izaci namaqhalo umz. Izandla ziyahlambana, Inyoka nesele • Izifaniso nezikweko umz. Amazinyo amhlophe okwekhephu, UNomsa yinyoka
UPELO NEMIGAQO YOPELO
Ukukhulisa kulwazi lwezandi azifunde kwiSigaba esisiSiseko ukupela amagama. Ukwakha amagama ngokusekelwe kwindlela avakala ngayo nendlela abonakala ngayo.
Ukukhulisa ulwazi lwamagama asetyenziswa rhoqo ebewafunde kwiIgaba esisiSiseko.
Ukupela amagama ngokuchanekileyo
Ukuyila isichazi magama sakhe samagama angaqhelekanga
Ukufunda akubhalileyo aze alungise iziphene zopelo.
Ukusebenzisa ulwazi lonoobumba abalandelananayo ukufumana amagama kwisichazi magama
Ukuqhawula amagama amade abemancinci. *umse-benzi*

3. 2 UKUNATYISWA KWEETEKISI KUMABANGA 4 – 6

Intlobo ngeentlobo zetekisi zikhethelwe ixesha leveki ezimbini. Iitekisi eziphambili zibonisiwe apha ngezantsi. Abafundi baza kusebenza ngezinye zezi tekisi okanye zonke ezo tekisi kwisithuba seeveki ezimbini, oko kukuthi baza kuphulaphula itekisi okanye benze i-orali okanye bafunde okanye babhale. Konke ukufunda nokufundisa makusekelwe kwiitekisi, kugqalwe ekuphuhliseni izakhono zolwimi nezakhonwana njengokuba kubonisiwe ngasentla.

IVEKI 5-6	**Ukuphulaphula amabali** (Ukukhetha kumabali eli xesha angeyonyani/amabali emveli/imbali ngaye/ ubudelangozi/onwabisayo/ amangalisayo /ifantasi/amabali ayinyani/iimbali ezingeyonyani) Itekisi kwincwadi okanye incwadi yokufunda okanye umqulu woovimba wetitshala. • Ukuphendula imibuzo elula • Ukunika imboni zakhe, enxulumanisa nobomi bakhe • Ukuchaza nokucacisa izimvo zakhe • Ukucebisa ngesiphelo esisesinye, eqikelela, echaza ekwachaza okunokwenzeka **Ukuphinda abalise ibal**i • Ukulandelelanisa iziganeko ngokufanelekileyo • Ukubhekisa ngokufaneleyo kubalinganiswa ebalini • Ukusebenzisa amaxesha aestyenziswe kwizigaba ezingaphambili • Ukucebisa ngesiphelo esisesinye	**Ukufunda ibali** Itekisi kwincwadi okanye incwadi yokufunda okanye umqulu woovimba wetitshala • Phambi kokufunda : Ukuqikelela kwimifanekiso • Ukuxoxa ngesihloko, isakhiwo, abalinganiswa nesimo sentlalo • Ukuchaza ukuba isakhiwo sebali singayimela njani imbonakalo ethile yehlabathi • Ukuphendula imibuzo ngebali • Ukushwankathela ibali ngomlomo • Ukuchonga imfundiso okanye umyalezo kwibali **Ukwenza umsebenzi obonakalisa ukuqonda oko akufundileyo (ngomlomo okanye ngokubhala)** **Ukufunda umbongo** • Phambi kokufunda: ukuthelekelela kwisihloko nakwimifanekiso • Ukusebenzisa ubuchule bokufunda, umz. ukusebenzisa imikhondo • Ukuphendula imibuzo engombongo • Ukuvakalisa ukuvakalelwa okuchukumiswe ngumbongo • Ukuxoxa imvano siphelo • Ukuxoxa ngothelekiso kumbongo	**Ukubhala ibali elula, esebenzisa inkqubo yokubhala eyedwa** • Ukukhetha umxholo onika umdla • Ukusebenzisa isakhiwo sebali njengesakhelo • Ukusebenzisa isiqalo, isiqu nesiphelo • Ukubalisa iziganeko ngokulandelelana • Ukusebenzisa amaxesha ngokufanelekileyo nokudibanisa izivakalisi ngo-'kunye ne' no 'kodwa' • Ukusebenzisa uluhlu oluthe gabalala leempawu zokubhala/ukufunda, uquka neempawu zocaphulo • Ukushiya izithuba phakathi kwemihlathi ngendlela efanelekileyo **Ukusebenzisa inkqubo yokubhala** • Ukujula izimvo ngokusebenzisa, umz. iimephu zengqondo • Ukubhala uyilo lokuqala • Ukufumana ingxelo ngomxholo nokusebenzisa ulwimi nesigama • Ukujonga upelo • Ukubhala uyilo lokugqibela	**Upelo neempawu zokubhala/ ukufunda** • Ukupela amagama aqhelekileyo ngokufanelekileyo, esebenzisa isichazi-magama sakhe **Ukusebenzisa izivakalisi** • Ukufundisa Izimelabizo • Ukusebenzisa amaxesha ezibizo • Ukufunda izenzi • Ukusebenzisa izihlomelo ezingenazakhi-zihlomelo, umz. qho, rhoqo njl. • Ukusebenzisa izichasi **Isigama sesicatshulwa/setekisi** • Amagama athathwa kwitekisi oyifunda notitshala okanye oyifunda wedwa

IBANGA LESI-6 IKOTA YESI-3				
IZAKHONO	**UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA**	**UKUFUNDA NOKUBUKELA**	**UKUBHALA NOKUNIKEZELA**	**IZAKHI NEMIGAQO YOKUSETYENZISWA KOLWIMI**
IVEKI 5-6	**Ukuphulaphula kwingoma/umbongo olula** Itekisi kwincwadi yokufunda okanye kuvimba katitshala • Ukukhumbula ingcinga ephambili • Ukuxoxa ngengcinga engundoqo • Ukunxulumanisa namava akhe • Ukuchonga imvano siphelo • Ukuvakalisa ukuvakalelwa okuchukunyiswe ngumbongo • Ukucula ingoma/imigca ekhethiweyo **Ukuziqhelanisa ukuPhulaphula nkuThetha** (khetha enye ukuziqhelanisa imihla nemihla) • Ukwenza umbongo • Ukudlala umdlalo wolwimi • Ukunika nokulandela imiyalelo/ izalathisi • Ukuxoxa ngesihloko	**Ukuziqhelisa ukufunda** • Ukufunda ngokuvakalayo ngembonakalo, ebonisa ukuqonda • Ukufunda ngokuvakalayo besebenzisa ukubiza kakuhle amagama , isantya nokunyuka nokuhla kwelizwi **Ukuvakalisa uluvo lwakhe ngeetekisi azifunde yedwa okanye nomhlobo** • Ukunxulumanisa ukufunda nobomi bakhe	**Ukubhalela ukuzonwabisa**, umz. umbongo olula onemigca emine okanye izivakalisi ezinemvano siphelo • Ukukhetha isihloko • Ukubhala izivakalisi ezinemvano siphelo ngokwesihloko • Ukusebenzisa uthelekiso **Ukubhala amagama neentsingiselo zawo kwisichazi magama sakhe** • Ukubhala izivakalisi esebenzisa amagama okanye ingcaciso ukubonisa intsingiselo, njl njl.	

IBANGA LESI-6 IKOTA YESI-3				
IZAKHONO	**UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA**	**UKUFUNDA NOKUBUKELA**	**UKUBHALA NOKUNIKEZELA**	**IZAKHI NEMIGAQO YOKUSETYENZISWA KOLWIMI**
IVEKI 7-8	**Ukuphulaphula nokwenza imiyalelo,** umz. inkqubo • Ukuthelekelela okuno kwenzeka • Ukuxoxa ngenkcukacha ezithile zetekisi • Ukuxoxa ngokulandelelana kwemiyalo • Ukuxoxa ngohlobo lwesenzi olusetyenzisiweyo • Ukudlala umdlalo wolwimi • Ukulandela imiyalelo ngokuchanekileyo • Ukusebenzisa uluhlu lwesigama • Ukunikana amathuba okuthetha **Ukuziqhelanisa nokuPhulaphula nokuThetha** (Ukukhetha umsebenzi omnye yonke imihla) • Ukwenza umbongo • Ukudlala umdlalo wolwimi • Ukunika nokulandela imiyalelo/ izalathisi • Ukuxoxa ngesihloko	**Ukufunda itekisi enika inkqubo**, umz. iresipi, imiyalelo elula yokwenza i-eksperiment yenzululwazi/iprojekthi Itekisi kwincwadi okanye incwadi yokufunda okanye umqulu woovimba wetitshala • Phambi kokufunda: ukuthelekelela kwisihloko neengongoma ahlele itekisi, umz. iphepha leziqulatho • Ukusebenzisa ubuchule bokufunda, umz. ukufunda ngokukhawuleza • Ukutolika imifanekiso • Ukuphendula imibuzo ngetekisi • Chaza okufanele ukwenziwa • Ukuxoxa ngeenkcukacha ezithile zetekisi • Ukuxoxa ngesakhiwo setekisi • Ukuxoxa ngokulandelelana kwemiyalelo • Ukulandela imiyalelo **Ukufunda itekisi enika imiyalelo kweziye izifundo** njengengxelo emfutshane, inkcazelo, ingcaciso yesinye isifundo • Phambi kokufunda: ukuthelekelela kwisihloko neengongoma nokuhlela itekisi, umz. iphe[pha lesiqulatho • Ukusebenzisa ubuchule bokufunda, umz. ukukrwaqula ukufumana ulwazi oluthile • Ukutolika imifanekiso • Ukuphendula imibuzo ngetekisi • Ukunika ingcinga engundoqo neenkcukacha ezixhasayo	**Ukubhala itekisi enika ulwazi, umz. iitekisi ezisetyenziswa kwezinye izifundo** • Ukubhala imihlathi emibini ukuya kwethathu • Ukucwangcisa ulwazi ngokulandelelana • Ukusebenzisa isivakalisi esiyintloko nezixhasayo • Ukusebenzisa isigama esinxulumana nezinye izifundo • Ukusebenzisa ulwimi olusesikweni • Ukufakela inkcukacha ezithile • Ukusebenzisa isixando sokwenziwa **Ukwenza isishwankathelo esifutshane setekisi ngemephu yengqondo** • Ukuchonga ubuncinane amanqaku amathathu angundoqo • Ukucwangcisa ulwazi ngokucocekileyo • Ukusebenzisa iimpawu, imizobo nezinye iitekisi zokuzotyiweyo ezifanelekileyo • Ukubonisa ngokucacileyo ukuzalana kwezahlulo ezahluka hlukileyo zomzobo okanye ezinye iitekisi zokuzotyiweyo • Ukusebenzisa isigama esifanelekileyo • Ukukhangela upelo • Ukusebenzisa isichazi magama ukukhangela upelo neentsingiselo zamagama	**Upelo neempawu zokubhala/ ukufunda** • Ukusebenzisa isichazi-magama ukujonga upelo nentsingiselo yamagama **Ukusebenzisa izivakalisi** • Ukuqonda nokusebenzisa isimnini • Ukusebenzisa isenzi • Ukusebenzisa ixesha langoku • Ukusetyenzisa izichazi **Isigama esikwisicatshulwa/kwitekisi** • Amagama athathwa kwitekisi oyifunda notitshala okanye oyifunda wedwa

IBANGA LESI-6 IKOTA YESI-3				
IZAKHONO	**UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA**	**UKUFUNDA NOKUBUKELA**	**UKUBHALA NOKUNIKEZELA**	**IZAKHI NEMIGAQO YOKUSETYENZISWA KOLWIMI**
IVEKI 7-8		**Ukuvakalisa uluvo lwakhe ngeetekisi azifunde yedwa okanye nomhlobo** • Ukunika ingcinga engundoqo • Ukuchaza iimpawu zezinye iitekisi ezifundiweyo, umz. incwadi zokufumana ulwazi ezinamaphepha eziqulatho	**Ukusebenzisa inkqubo yokubhala** • Ukujula izimvo usebenzisa umz. iimephu zengqondo • Ukubhala uyilo lokuqala • Ukukhangela upelo • Ukubhala uyilo lokugqibela **Ukubhala amagama neentsingiselo zawo kwisichazi magama sakhe** • Ukubhala izivakalisi esebenzisa amagama okanye ingcaciso ukubonisa intsingiselo, njl njl.	
IVEKI 9-10	**Ukuthatha inxaxheba kwincoko yesihloko esiqhelekileyo** Itekisi kwincwadi yomfundi okanye kuvimba katitshala) • Ukubuza nokuphendula imibuzo • Ukugcina incoko • Ukuchaza izimvo • Ukuhlonipha izimvo zabanye • Ukukhuthaza abanye abafundi ukuthetha ulwimi olongezelelweyo **Ukudlala imidlalo elula** • Ukusebenzisa umxholo nolwimi oluchanekileyo • Ukusebenzisa ingxelo-ntetho • Ukuvelisa umxholo webali onengqiqo • Ukusebenzisa ilizwi nezijekulo ukudlulisa umyalezo • Ukubiza amagama ngokuvakalayo nangokuchanekileyo	**Ukufunda umdlalo** Itekisi kwincwadi yomfundi okanye kuvimba katitshala) • Phambi kokufunda: ukuthelekelela usebenzisa isihloko • Ukusebenzisa ubuchule bokufunda • Ukuchonga umxholo webali • Ukuxoxa ngabalinganiswa nesakhiwo sebali nokwenzekayo • Ukuvakalisa imvakalelo yakhe ephenjelelwe yitekisi • Ukuxoxa ngeempawu zetekisi ingakumbi iimpawu zokubhala/ ukufunda nesakhiwo	**Ukubhala umdlalo omfutshane,** usebenzisa indlela engekho sesikweni yokubhala • Ukuchonga abalinganiswa abafanelekileyo • Ukwakha incoko nokuzakwenzeka ngokulandelelana • Ukusebenzisa intetho ngqo • Ukusebenzisa iimpawu zokubhala/ ukufunda ezifanelekileyo, umz. ikholoni, uphawu lokhuzo neephawu zokubuza	**Upelo neempawu zokubhala/ ukufunda** • Ukusebenzisa isichazi-magama ukujonga upelo neentsingiselo zamagama • Ukwakha kulwazi lwezandi ukupela amagama **Ukusebenza ngezivaklisi** • Ukuhlaziya izibizo • Ukusebenzisa intetho ngqo nengxelo ntetho • Ukusebenzisa iindidi zezichazi • Ukuphuhlisa ukusetyenziswa kwezihlomelo **Isigama kwisicathsulwa/kwitekisi ekhethiweyo** • Amagama athathwe kwitekisi ebifundwe eklasini/ebezifundela • Amagama abizwa ngokufanayo, anentsingiselo engafaniyo

IBANGA LESI-6 IKOTA YESI-3				
IZAKHONO	**UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA**	**UKUFUNDA NOKUBUKELA**	**UKUBHALA NOKUNIKEZELA**	**IZAKHI NEMIGAQO YOKUSETYENZISWA KOLWIMI**
IVEKI 9-10	**Ukuziqhelanisa nokuThetha nokuPhulaphula** (Ukukhetha ibenye yonke imihla uziqhelisa • Ukwenza umbongo • Ukudlala umdlalo olula wolwimi • Ukunika ulandele imiyalelo • Ukuxoxa ngesihloko	**Ukwenza umsebenzi wesicatshulwa kwitekisi (intetho yomlomo/ ukubhala)** **Ukuziqhelanisa nokufunda** • Ukufunda ngokuvakalayo ubonisa ukuqonda okwenzekayo kwitekisi • Ukufunda ngokuvakalayo usebenzisa ukubiza amagama, isantya nokunyuka nokuhla kwelizwi ngokufanelekileyo **Ukuveza izimvo zakhe kwitekisi ebezifundela yona/ngokwamaqela** • Ukunikezela isigxeko ncomo sencwadi esifutshane somlomo ngomxholo nesakhiwo ezifanelekileyo • Ukunika uluvo lwakho	**Ukusebenzisa inkqubo yokubhala** • Ukujula izimvo esebenzisa, umz. limephu zengqondo • Ukuvelisa uyilo lokuqala • Ukufumana ingxelo nokuhlaziya • Ukushicilela uyilo lokuqala • Ukubhala uyilo lokugqibela • Ukunikezela uyilo lokugqibela olucocekileyo, olufundekayo linezithuba ezishiyiwe ngokufanelekileyo **Ukubhala amagama neentsingiselo zawo kwisichazi-magama** • Ukubhala izivakalisi usebenzisa amagama okanye inkcazelo eveza intsingiselo	

IBANGA LESI-6 IKOTA YESI-4				
IZAKHONO	**UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA**	**UKUFUNDA NOKUBUKELA**	**UKUBHALA NOKUNIKEZELA**	**IZAKHI NEMIGAQO YOKUSETYENZISWA KOLWIMI**
IVEKI 1-2	**Ukuphulaphula ibali** (Ukukhetha kumabali eli xesha angeyonyani/amabali emveli/imbali ngaye/ ubudelangozi/onwabisayo/ amangalisayo/ ifantasi/amabali ayinyani/iimbali ezingeyonyani). Itekisi kwincwadi okanye incwadi yokufunda okanye umqulu woovimba wetitshala • Ukubuza imibuzo esemxholweni nokuphendula imibuzo • Ukushwankathela ibali • Ukuphendula nokuqalisa ukubuza imibuzo enzima, umz. kutheni engakhange a. . . ? yintoni. . . ? ucinga ukuba. . . . ? • Ukuxoxa imiba yemigaqo, ezentlalo, enzulu ebalini, uguquguqula xa kukho imfuneko **Ukubalisa ibali lakhe** • Ukukhetha umxholo nesihloko ezifanelekileyo • Ukucwangcisa iziganeko ngokufanelekileyo • Ukuxela amagama abalinganiswa abasebalini • Ukusebenzisa izihlanganisi **Ukunikezela isigxeko ncomo sencwadi somlomo** • Ukukhetha umxholo nesakhiwo ezifanelekileyo • Ukuchaza nokucacisa uluvo lwakhe • Ukunikezela ngokucacileyo nangokubonisa	**Ukufunda ibali** Itekisi kwincwadi okanye incwadi yokufunda okanye umqulu woovimba wetitshala • Phambi kokufunda : ukuthelekelela ngesihloko nangemifanekiso • Ukusebenzisa ubuchule bokufunda, umz. ukusebenzisa imikhondo ukufumana intsingiselo yamagama amatsha • Ukuxoxa ngesakhiwo, isimo sentlalo nabalinganiswa • Ukuxoxa ngokulandelelana kweziganeko, ukuphendula imibuzo ngokwenzeke kuqala, okwesibini, njl njl. • Ukubuza nokuphendula imibuzo enzima, umz. Kutheni ucinga ukuba. . . kwenzekile? • Ukuchaza nokucacisa uluvo lwakho • Ukuxoxa ukuba abalinganiswa bawumela njani ombono othile wehlabathi • Ukuxoxa ngendima edlalwa yimifanekiso ebonwayo • Ukuxoxa ngezinye iindlela zokuvelisa abalinganiswa	**Ukubhala ibali elilula** • Ukusebenzisa isakhiwo sebali njengesakhelo • Ukusebenzisa ulwimi ngokomfanekiso ngqondweni ingakumbi uluhlu lwesigama • Ukudibanisa izivakalisi ukwakha imihlathi enentsingiselo ngokusebenzisa izimelabizo, izihlanganisi neempawu zokubhala/ ukufunda • Ukusebenzisa ulwimi, upelo, iimpawu zokubhala/ukufunda • Ukusebenzisa amaxesha afanelekileyo rhoqo • Ukusebenzisa isichazi magama ukukhangela upelo neentsingiselo zamagama Ukusebenzisa inkqubo yokubhala • Ukujula izimvo • Ukubhala uyilo lokuqala • Ukuqwalasela kwakhona • Ukuhlela • Ukubhala uyilo lokugqibela • Ukunikezela uyilo lokugqibela olucocekileyo nolufundekayo **Ukubhala amagama neentsingiselo zawo kwisichazi magama sakhe** • Ukubhala izivakalisi esebenzisa amagama okanye ingcaciso ukubonisa intsingiselo njalo njalo	**Upelo neempawu zokubhala/ ukufunda** • Ukupela amagama aqhelekileyo ngokufanelekileyo, esebenzisa isichazi- magama sakhe • Ukwakha kulwazi lwamagama abawabona rhoqo nabawasebenzisayo **Ukusebenzisa izivakalisi** • Ukusebenzisaizibizo ezibalekayo umz. incwadi-iincwadi • Ukwakha ekusebenziseni izimelabizo zokwalatha umz, lo, lowo, lowa • Ukwakha ekusebenziseni izichazi • Ukusebenzisa iziyali umz. hamba • Ukusebenzisa izihlomelo umz. izolo • Ukusebenzisa izichasi **Isigama sesicatshulwa/setekisi** • Amagama athathwa kwitekisi oyifunda notitshala okanye oyifunda wedwa • Izichasi - amagama anentsingiselo echaseneyo umz. ishushu-iyabanda

IBANGA LESI-6 IKOTA YESI-4				
IZAKHONO	**UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA**	**UKUFUNDA NOKUBUKELA**	**UKUBHALA NOKUNIKEZELA**	**IZAKHI NEMIGAQO YOKUSETYENZISWA KOLWIMI**
IVEKI 1-2	**Ukuziqhelanisa nokuphulaphula nokuthetha** (Ukukhetha umsebenzi omnye yonke imihla) • Ukwenza umbongo • Ukudlala umdlalo wolwimi • Ukunika nokulandela imiyalelo/ izalathisi • Ukuxoxa ngesihloko	**Ukwenza imisebenzi yesicatshulwa kwitekisi (ethethwayo okanye ebhalwayo)** **Ukufunda iileta zakhe ezilula** • Phambi kokufunda: ukuthelekelela okusekelwe ekufundeni ngokukhawuleza kwetekisi • Ukusebenzisa ubuchule bokufunda: ukusebenzisa imikhondo ukufumana iintsingiselo zamagama • Ukuchonga ingcinga ephambili neenkcukacha ezithile • Ukuxoxa injongo yeleta • Ukuxoxa isakhiwo seleta **Ukuziqhelanisa nokufunda** • Ukufunda ngokuvakalayo ngembonakalo ebonisa ukuqonda • Ukufunda ngokuvakalayo usebenzisa ukuvakalisa ilizwi, isantya nokuhl nokunyuka kwelizwi **Ukuvakalisa uluvo lakhe ngeetekisi azifunde ngokwakhe okanye nomhlobo** • Ukuphinda ubalise ibali ngezivakalisi ezi-5 ukuya kwezi-6		

IBANGA LESI-6 IKOTA YESI-4				
IZAKHONO	**UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA**	**UKUFUNDA NOKUBUKELA**	**UKUBHALA NOKUNIKEZELA**	**IZAKHI NEMIGAQO YOKUSETYENZISWA KOLWIMI**
IVEKI 3-4	**Ukuthatha inxaxheba kwincoko** • Ukuxoxa ukubakho kwenzuzo nokungabikho kwazo • Ukusebenzisa iingqiqo nesigama, umz. ezizalana nezinye izifundo • Ukunikana amathuba • Ukuhlonipha izimvo zabanye abafundi • Ukukhuthaza abanye ukuba bathethe **Ukuphulaphula nokuxoxa intetho** • Ukuxoxa ngeengcinga eziphambili neenkcukacha ezithile • Ukubhala ulwazi oluthile kwitshati okanye kwimephu yengqondo **Ukudlala umdlalo wolwimi** • Ukulandela imiyalelo ngokuchanekileyo • Ukusebenzisa uluhlu lwesigama • Ukunikana amathuba okuthetha **Ukuziqhelanisa nokuPhulaphula nokuThetha** (Ukukhetha ibenye yonke imihla uziqhelisa) • Ukwenza umbongo omfutshane okanye isicengcelezo • Ukudlala umdlalo wolwimi • Ukunika ulandele imiyalelo • Ukuxoxa ngesihloko	**Ukufunda iitekisi ezinolwazi,** umz. kwizifundo zonke zekharityulam Itekisi kwincwadi yomfundi okanye kuvimba katitshala • Phambi kokufunda: ukufunda nokuxoxa ngeengongoma nangemifanekiso • Ukusebenzisa ubuchule bokufunda, umz. ukukrwaqula ukufumana ulwazi • Ukuqaphela indima edlalwa yimifanekiso neefoto ukuyila intsingiselo • Ukuphendula imibuzo emalunga netekisi • Ukuchonga ukubakho kwenzuzo nokungabikho nzuzo • Ukushwankathela umhlathi ngokuncediswa **Ukwenza umsebenzi obonakalisa ukuqonda oko akufundileyo (ngomlomo okanye ngokubhala)** **Ukuziqhelanisa ukufunda** • Ukufunda ngokuvakalayo usebenzisa ukuvakalisa amagama, ukutyibilika nembonakalo **Ukufunda nokusombulula iphazili yamagama** • Ukupela amagama ngokuchanelekileyo • Ukubonisa ukuqonda iintsingiselo zamagama • Ukusebenzisa isigama esisemxholweni **Ukuveza izimvo zakhe kwitekisi ebezifundela yona /ngokwamaqela** • Ukuchaza ukuchukumiswa yitekisi efundiweyo • Ukunxulumanisa itekisi kubomi bakhe	**Ukusebenzisa ulwazi kwitekisi enemifanekiso,** umz. iitshati, iitheyibhile, imizobo, iimephu zengqondo, iimephu, imifanekiso, iigrafu **ukubhala itekisi** • Ukubhala iitekisi ezimbini ukuya kwezintathu • Amanqaku afanelekile kwaye cwangciswe ngokufanelekileyo • Upelo neempawu zokubhala/ ukufunda zichanekile **Ukubhala itekisi enika ulwazi enemifanekiso** • Ukwenza isishwankathelo setekisi emfutshane ngemephu yengqondo • Ukucwangcisa ubukho benzuzo nokungabikho kwenzuzo kwitheyibhile **Ukubhala iinkcazo nemizekelo** • Ukuchonga izinto ezakuchazwa ngokufanelekileyo • Ukusebenzisa imizekelo ebonakalayo esemxholweni • Ukukhetha ulwazi olufanelekileyo • Ukusebenzisa isigama esizalana nezinye izifundo • Ukusebenzisa isichazi magama ukukhangela iintsingiselo zamagama **Ukubhala amagama neentsingiselo zawo kwisichazi magama sakhe** • Ukubhala izivakalisi usebenzisa amagama okanye iingcaciso ukubonakalisa iintsingiselo, njl njl.	**Upelo neempawu zokubhala/ ukufunda** • Ukusebenzisa isichazi-magama ukujonga upelo neentsingiselo zamagama • Ukusebenzisa ulwazi loonobumba abakhulu abalandelelanayo nabaqala amagama ukufumana amagama kwisichazi magama **Ukusebenza ngezivakalisi** • Ukusebenzisa ixesha langoku • Ukusebenzisa izimelabizo zesimnini • Ukuvelisa izihlanganisi ezibonisa isizathu nenjongo • Ukusebenzisa izivakalisi ezimbaxa **Isigama kwisicatshulwa/kwitekisi ekhethiweyo** • Amagama athathwe kwitekisi ebifundwe eklasini/ebezifundela

IBANGA LESI-6 IKOTA YESI-4				
IZAKHONO	**UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA**	**UKUFUNDA NOKUBUKELA**	**UKUBHALA NOKUNIKEZELA**	**IZAKHI NEMIGAQO YOKUSETYENZISWA KOLWIMI**
IVEKI-5-6	**Ukuphulaphula ibali** (Ukukhetha kumabali elo xesha angeyiyo inyani/amabali emveli/imbali ngaye/ubudela ngozi/onwabisayo/ amangalisayo/angezizo eziyinyani nefantasi) Itekisi kwincwadi yomfundi okanye kuvimba katitshala • Ukubuza imibuzo esemxholweni nokuphendula • Ukushwankathela ibali • Ukuphendula nokuqalisa ukubuza uphendule imibuzo enzima, umz. kutheni kunga. . ? yintoni. . . ? ucinga ukuba. . . . ? • Ukuchaza uluvo lwakho unika izizathu zoko, umz. ngemiba yemigaqo, ezentlalo enzulu ebalini usebenzisa olunye ulwimi xa kukho imfuneko • Ukusebenzisa amaxesha afundiswe kumabanga angaphambili, umz. ixesha elidlulileyo nelizayo	**Ukufunda ibali** Itekisi kwincwadi yomfundi okanye kuvimba katitshala • Phambi kokufunda: ukuthelekelela kwisihloko nakwimifanekiso • Ukusebenzisa ubuchule bokufunda: ukusebenzisa imikhondo ukufumana intsingiselo • Ukuxoxa ngesakhiwo, isimo sentlalo nabalinganiswa • Ukuxoxa ngeziganeko ngokulandelelana kwazo, ukuphendula imibuzo ngokwenzeke kuqala, okwesibini, njl njl. • Ukubuza uphendule imibuzo enzima, umz. kutheni kunga. . ? yintoni. . . ? ucinga ukuba. . . . ? • Ukuchaza nokucacisa uluvo lwakhe **Ukwenza umsebenzi obonakalisa ukuqonda oko akufundileyo (ngomlomo okanye ngokubhala)** Ukufunda imibongo • Phambi kokufunda: ukuthelekelela kwisihloko nakwimifanekiso • Ukusebenzisa ubuchule bokufunda: ukusebenzisa imikhondo • Ukuphendula imibuzo ngombongo • Ukuchaza uvakalelo ngokuchukumiswa ngumbongo • Ukuxoxa ngemvano siphelo nemfano-sandi • Ukuxoxa ngokuthelekisa kumbongo (izifaniso)	**Ukubhala isigxeko-ncomo sencwadi** • Ukukhetha umxholo nesakhiwo ezifanelekileyo • Ukuvakalisa nokucacisa uluvo lwakhe • Ukuquka isihloko, abalinganiswa nesishwankathelo **Ukubhala ileta yobuhlobo** • Ukukhetha umxholo ngokufanelekileyo • Ukusebenzisa isakhelo xa kufanelekile • Ukuvelisa umyalezo ngokuchanekileyo • Ukucwanagcisa ulwazi ngokufanelekileyo • Ukubhala igama lakhe ekupheleni • Ukusebenzisa indlela engekho sesikweni yokubhala elungelele injongo **Ukusebenzisa inkqubo yokubhala** • Ukujula izimvo • Ukubhala uyilo lokuqala • Ukuqwalasela kwakhona • Ukuhlela • Ukubhala uyilo lokugqibela • Ukunikezela uyilo lokugqibela olucocekileyo lufundekayo • Ukusebenzisa ischazi magama ukukhangela upelo nentsingiselo yamagama	**Upelo neempawu zokubhala/ ukufunda** • Ukusebenzisa isichazi-magama ukujonga upelo neentsingiselo zamagama • Ukusebenzisa amagama azalayo umz. uqweqwe namaphepha enza incwadi **Ukusebenza ngezivakalisi** • Ukusebenzisa imibuzo • Ukusebenzisa izihlanganisi • Ukusebenzisa ixesha elizayo • Ukusebenzisa intetho ngqo • Ukusebenzisa iimpawu zocaphulo **Isigama kwisicathsulwa/kwitekisi ekhethiweyo** • Amagama athathwe kwitekisi ebifundwe eklasini/ebezifundela

IBANGA LESI-6 IKOTA YESI-4				
IZAKHONO	**UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA**	**UKUFUNDA NOKUBUKELA**	**UKUBHALA NOKUNIKEZELA**	**IZAKHI NEMIGAQO YOKUSETYENZISWA KOLWIMI**
IVEKI-5-6	**Ukuphulaphula umbongo** Itekisi kwincwadi yomfundi okanye kuvimba katitshala • Ukukhumbula ingcinga engundoqo • Ukuxoxa ngengcinga engundoqo • Ukunxulumanisa namava akhe • Ukuchonga imvano siphelo namagama aqala ngesandi esinye (imfano-sandi) • Ukuchonga nokuxoxa uthelekiso (umz. izifaniso) • Ukuchaza uvakalelo uchukumiswa ngumbongo • Ukucula/imigca ekhethiweyo **Ukuziqhelanisa okuThetha nokuPhulaphula** (Ukukhetha ibenye yonke imihla uziqhelisa) • Ukwenza umbongo • Ukudlala umdlalo wolwimi • Ukunika ulandele imiyalelo/izalathisi • Ukuxoxa ngesihloko • Ukubalisa iziganeko okanye amava ngokulandelelana ngokufanelekileyo, uphendula imibuzo ngokwenzeke kuqala, okwesibini, okwesithathu, njl njl.	**Ukuziqhelanisa ukufunda** • Ukufunda ngokuvakalayo ngembonakalo, ebonisa ukuqonda • Ukufunda ngokuvakalayo ubize amagama ngokuvakalayo, isantya nokunyuka nokuhla kwelizwi **Ukuveza izimvo zakhe kwitekisi ebezifundela yona/ngokwamaqela** • Ukwenza isigxeko-ncomo somlomo sencwadi ngonikezelo lomlomo olufanelekileyo	**Ukubhala amagama neentsingiselo zawo kwisichazi-magama sakhe** • Ukubhala izivakalisi usebenzisa amagama okanye inkcazelo ukuveza intsingiselo	

IBANGA LESI-6 IKOTA YESI-4				
IZAKHONO	**UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA**	**UKUFUNDA NOKUBUKELA**	**UKUBHALA NOKUNIKEZELA**	**IZAKHI NEMIGAQO YOKUSETYENZISWA KOLWIMI**
IVEKI 7-8	**Ukuthatha inxaxheba kwincoko** • Ukubuza nokuphendula imibuzo • Ukuhlonipha abanye abafundi • Ukubaphulaphula nokubakhuthaza ukuba mabathethe **Ukuthatha inxaxheba kwingxoxo** • Ukuba nomfanekiso ngqondweni nokuchaza okunokwenzeka • Ukunikana amathuba • Ukuhlonipha izimvo zabanye • Ukukhuthaza abanye ukuba mabathethe **Ukuziqhelanisa nokuPhulaphula nokuThetha** (Ukukhetha ibenye yonke imihla uziqhelisa) • Ukwenza umbongo • Ukudlala umdlalo wolwimi • Ukunika ulandele imiyalelo • Ukuxoxa ngesihloko	**Ukufunda iitekisi zemidiya,** umz. inkcukacha kwimagazini, ingxelo yeendaba Itekisi kwincwadi yomfundi okanye kuvimba katitshala) • Phambi kokufunda: ukuthelekelela ukuba itekisi ingantoni ngokwenza isigxeko ncomo sayo • Ukusebenzisa ubuchule bokufunda, umz. ukukrwaqula, ukufunda ngokukhawuleza • Ukuphendula imibuzo • Ukuxoxa ngeengcinga ezingundoqo neenkcukacha ezithile • Ukuxoxa ngesakhiwo noyilo lwetekisi • Ukuthelekisa isakhelo noyilo lwephephandaba **Ukwenza umsebenzi obonakalisa ukuqonda oko akufundileyo (ngomlomo okanye ngokubhala)** • Ukuziqhelanisa ukufunda • Ukufunda ngokuvakalayo ebiza amagama ngokufanelekileyo, etyibilika, nangokubonisayo	**Ukubhala ingxelo elula yendaba usebenzisa isakhelo** • Ukufakela ulwazi olufanelekileyo • Ukufakela ingcinga engundoqo ecacileyo • Ukwakha ulwazi ngokulandelelana • Ukusebenzisa izihlanganisi nokulungelelanisa imihlathi ngokufanelekileyo • Ukusebenzisa isakhiwo esifanelekileyo • Ukusebenzisa ulwimi, isigama, upelo neempawu zokubhala/ukufunda ngokufanelekileyo **Ukuyila ipowusta** • Ukufakela ulwazi olufanelekileyo • Ukufakela umfanekiso • Ukusebenzisa isakhiwo esifanelekileyo • Ukusebenzisa iimpawu zokuyila njengombala nobukhulu obahlukeneyo • Ukunikezela uyilo lokugqibela elicocekileyo elifundekayo	**Upelo neempawu zokubhala/ ukufunda** • Ukupela amagamaaqhelekileyo ngokufanelekileyo usebenzisa isichazi magama • Ukusebenzisa ulwazi loonobumba abalandelelanayo nabaqala amagama ukufumana amagama kwisichazi magama • Ukusebenzisa iimpawu zokubuza • Ukusebenzisa iimpawu zocaphulo **Ukusebenza ngezivakalisi** • Ukuvelisa izihlanganisi ezibonisa isizathu nenjongo • Ukusebenzisa uthelekiso **Isigama kwisicatshulwa/kwitekisi ekhethiweyo** • Amagama athathwe kwitekisi ebifundwe eklasini/ebezifundela

IBANGA LESI-6 IKOTA YESI-4				
IZAKHONO	**UKUPHULAPHULA NOKUTHETHA**	**UKUFUNDA NOKUBUKELA**	**UKUBHALA NOKUNIKEZELA**	**IZAKHI NEMIGAQO YOKUSETYENZISWA KOLWIMI**
		Ukufunda nokuqonda itekisi yemidiya ezotyiweyo, iipowusta nezibhengezo • Phambi kokufunda: ukuxoxa ngemifanekiso • Ukutolika ulwazi • Ukuxoxa ngenjongo yetekisi • Ukuxoxa ngolunye ulwimi olusetyenzisiweyo • Ukuchonga nokuxoxa ngeempawu zoyilo njengombala nobukhulu ngokwahluka hlukeneyo • Ukuxoxa ngoyilo • Ukuthelekisa iitekisi ezahlukileyo, umz. iipowusta nezibhengezo **Ukuveza izimvo zakhe kwitekisi ebezifundela yona /ngokwamaqela** • Ukwabelana ngezimvo zetekisi	**Ukusebenzisa inkqubo yokubhala** • Ukubhala uyilo lokuqala • Ukuqwalasela kwakhona • Ukuvavanya ushicilelo lokuqala • Ukubhala uyilo lokugqibela • Ukunikezela uyilo lokugqibela olucocekileyo nolubonakalayo **Ukubhala amagama neentsingiselo zawo kwisichazi-magama sakhe** • Ukubhala izivakalisi usebenzisa amagama okanye inkcazelo ukuveza intsingiselo	
IVEKI 9-10	**UVIWO**			

ICANDELO LESI-4: UKUHLOLA

4. 1 INTSHAYELELO

Ukuhlola yinkqubo eqhubekayo ecwangcisiweyo yokuchonga, ukuqokelela nokutolika ulwazi malunga nenkqubo yabafundi. Oku kubandakanya amanyathelo amane: ukuvelisa nokuqokelela ubungqina bokuphumelela komfundi; ukuphonononga ubungqina; ukurekhoda okufunyanisiweyo nokusebenzisa olo lwazi ukuqonda ukuze kuncendwe uphuhliso lwabafundi khon'ukuze kuphuculwe inkqubo yokufunda nokufundisa.

Ukuhlola kufanele kube ngokungekho sesikweni (Ukuhlola kokufunda) nokusesikweni (Ukuhlola kokufunda). Kwiimeko zombini kufanele ukuba abafundi banikwe ingxelo rhoqo ukukhulisa ukufunda.

Ukuhlola kwiiLwimi kuyaqhubeka kwaye kuxhasa uhlumo nophuhliso lwabafundi. Luyinto ebalulekileyo kakhulu ekufundiseni nasekufundeni kuba kunika abafundi ingxelo malunga nokufundisa nokufunda. Kufuneka kubandakanywe ekufundiseni nasekufundeni kunoba kwenziwe kodwa njengento esecaleni. Ngapha koko ukuhlola olulunxulumaniso lwemiba eyahlukileyo yolwimi kufuneka kwenziwe. Umzekelo, singaqalisa ngetekisi efundwayo size senze uvavanyo lwesicatshulwa. Imibuzo yolwazi lolwimi nayo ingenziwa isekelwe kwakule tekisi inye. Emva kokuba befunde itekisi abafundi bangabhala ileta ngemiba ephakanyiswe kwitekisi okanye bangayila itekisi ebhekisele kumxholo wetekisi. Ukuqukumbela lomsebetyenzana, kungaxoxwa ngeso sihloko kube ngaloo ndlela kuchatshazelwe zonke izakhono zolwimi kumsetyenzana omnye onxulumanisa izakhono.

Ukuhlola izakhono ezahlukileyo zolwimi asinto ifanele ukuba ibonwe njengemisebenzi eyahlukeneyo kodwa njengomsebenzi omnye onxulumeneyo. Ngoko ke iirubrikhi zokuhlola kufanele zibonise izakhono zolwimi ezahlukileyo kumsebenzi wokuhlola.

Izakhono zabafundi *zokuphulaphula, ubuchule besincoko somlomo, ulwazi lokuphendula imibuzo, ukuthatha inxaxheba kwingxoxo nezakhono zokubhala* apho kukho imfuneko kufuneka ziqwalaselwe imihla ngemihla.

Kukwabalulekile ukuba abafundi bahlolwe *ukuqonda oko bakufundileyo* hayi ulwazi lwabo lokuqonda amagama nokwahlula amagama ngokwezandi. Ukufunda nako makuhlolwe rhoqo kwaye ingabi kukuhlola okwenziwa ngelo xesha kuphela. Ukuhlola ukufunda ngoko ke makwenzeke rhoqo kungabi luhlolo olwenzeka kube kanye. Ukuhlola ukufunda okusesikweni makugqale ekufundeni ngokuvakalayo nakwimisetyenzana ezakunceda ukuqonda ukuba umfundi uqonde kangakanani, umzekelo, ukuphinda abalise ibali okanye aphendula imibuzo.

Ukuhlola umsebenzi obhalwayo uya kugqala okokuqala kulwazi lomfundi lokunika intsingiselo, nasekubhaleni ngendlela echanelekileyo, umzekelo, ukusebenzisa izakhi zolwimi, upelo neempawu zokubhala nokufunda/iziphumlisi. Konke ukuhlola kufuneka kuqaphele ukuba ukufunda ulwimi yinkqubo ende kwaye abafundi aabanakuze bavelise umsebenzi owenziwe ngendlela efanelekileyo xa beqala. Ngoko ke amanyathelo ahlukeneyo enkqubo yokubhala nawo mawahlolwe.

Xa kunikwa umsebenzi wokuhlola ngokusesikweni, kuya kubakho ugqaliso kwisakhono esithile, umzekelo, ukuPhulaphula nokuThetha okanye ukuFunda okanye ukuBhala. Naxa kunjalo, kuba ukufunda ulwimi kuyinkqubo enxulumeneyo, kuza kusetyenziswa izakhono ezingaphaya kwesinye. Izakhi zolwimi mazihlolwe kwimeko ethile. Makuqinisekiswe ukuba ukuhlola akwenziwa njengomsebenzi obhalwayo kuphela, kodwa ukwavumela umsebenzi owenziwayo nesincoko somlomo. Kubalulekile ukuhlola okuqondwa ngabafundi hayi abakukhumbula ngentloko, ngoko ke makuhlolwe izakhono kwimeko ethile kangangoko umz. abafundi bangapela onke amagama ngokuchanekileyo kuvavanyo ngolweSihlanu, kodwa ingaba bayakwazi ukuwasebenzisa la magama enopelo oluchanekileyo xa bebhala/ barekhoda iindaba okanye ibali labo ?

Ukufundisa nokuhlola iilwimi makunike ithuba lokuquka bonke abafundi, kufunyanwe neendlela zokubanceda bonke ukufumana okanye ukuvelisa iitekisi zolwimi. Abanye abafundi abeneengxaki zokufunda bangangabi nakho ukufumana ezinye iinjongo njengoko zibekiwe kwiNkcazelo Yepolisi Yekharityhulam NokuHlola.

Inkqubo yokuhlola ivumela uhlolo lokuphela konyaka olunokuba luvavanyo okanye uviwo lokuphela konyaka okanye ekupheleni kwekota nganye. Umsebenzi oza kuhlolwa mayibe ngumsebenzi wekota owenzwe wagqitywa. Izinga lezinto eziza kuhlolwa malonyuswe kumazinga okuqonda awohlukileyo ukuqinisekisa ukuba uhlolo luhlola oko lifanele ukuba likuhlole.

4. 2 UKUHLOLA OKUNGEKHO SESIKWENI OKANYE KWEMIHLA NGEMIHLA

Ukuhlola kokufunda kunenjongo ethe gqo yokuqokelela ulwazi malunga nempumelelo yomfundi enokusetyenziswa ukuphucula ukufunda kwabo.

Ukuhlola okungekho sesikweni kusekelwe ekubekeni esweni inkqubela phambili yabafundi. Oku kwenziwa ngokuqwalasela, ngokuxoxa, ngokwenza imisebenzi eyenziwayo, ngokubonisa, iinkomfa eziphakathi kwabafundi nootitshala, ukufundisa eklasini, njalo njalo. Ukuhlola okungekho sesikweni kungathetha ukumana unqumamisa isifundo ukuqaphela abafundi okanye ukuxoxa nabafundi malunga nendlela ukufunda okuqhubeka ngayo. Ukuhlola ukuba nobuchule kulwimi kuya kwenziwa ngohlobo lokuqaphela, ukwenza imisebenzi ebhalwayo, imisebenzi yokuphula phula nokuthetha nokunikezela, ukubhala uviwo, ukufunda ngokuvakalayo nezinye iintlobo zokuhlola. Ukuhlola okungekho sesikweni makusetyenziswe ukunika ingxelo kubafundi nokuba sisiseko sokwenza isicwangciso sokufundisa kodwa akukho mfuneko yokuba kurekhodishwe. Akufunekanga kubonwe njengento eyohlukileyo kweminye imisebenzi eyenzeka egumbini lokufunda kwaye utitshala angasebenzisa uninzi lwemisebenzi yakhe yokufundisa ukuhlola inkqubo yabantwana ngokungekho sesikweni. Ngamanye amaxesha utitshala angathanda ukuseta uhlobo oluthile lomsebenzi wokuhlola ukukhuthaza abafundi ukuba bafunde, umsebenzi ofana novavanyo lopelo olwenziwa rhoqo. Abafundi okanye ootitshala banokumakisha le misebenzi yokuhlola.

Kuyacetyiswa ukuba utitshala asebenzise iiveki ezimbini zokuqala kweKota ukwenza uvavanyo lolwazi abanalo abafundi (baseline assessment). Angasebenzisa imisebenzi enikwe kwiveki ezimbini zesicwangciso sokufundisa ukwenza olu hlolo. Oku kuyakwenza ukuba afumanise ukuba abafundi bafuna oluphi uncedo njengokuba eqhuba ebheka phambili.

Ukuzihlola nokuhlola umlingane wakho kubandakanya abafundi ekuhloleni. Oku kubaluleke kakhulu kuba kuvumela abafundi bakwazi ukufunda kolu hlolo bakwazi nokubonakalisa inkqubo yabo. Iziphumo zemisebenzi yokuhlola ngokungekho sesikweni akurekhodwa ngokusesikweni ngaphandle kokuba utitshala ufuna ukwenza njalo. Kodwa ootitshala banganqwenela ukugcina iirekhodi ngenkqubo yontwana othile kwimiba eyahlukileyo yesifundo ukuze oku kumncede ekucwangciseni isifundo nokuqinisekisa ukuba umfundi ngamnye uphuhlisa izakhono ezifunekayo nokuqonda. Iziphumo zemisebenzi yemihla ngemihla azithathelwa ngqalelo ekunyuselweni nasekukhutshelweni isatifikethi.

4. 3 UKUHLOLA OKUSESIKWENI

Yonke imisebenzi yokuhlola eynza inkqubo yokuHlola eseSikweni yonyaka ithathwa njengoHlolo oluseSikweni. Imisebenzi yokuhlola esesikweni iyamakishwa ize *irekhodwe ngokusesikweni* ngutitshala elungiselela ukuqhubela phambili abafundi. Yonke imisebenzi yokuHlola ngokusesikweni kufaneleke ukuba iphononongwe ngenjongo yokuqinisekisa ukuba isemgangatho kunye nokugcinwa kwemigangatho echanekileyo.

Ukuhlola okusesikweni kunika ootitshala indlela eyondeleleneyo yokuphononongа inkqubela phambili yabafundi

kwibanga ngakumbi kwisifundo esithile. Imizekelo yokuhlola ngokusesikweni iquka uvavanyo, iimviwo, imisebenzi yeprekthikhali, iiprojekthi, imisebenzi ye-orali, imiboniso (enje ngokubalisa ibali, ukutshatisa izinto), ukulinganisa, izincoko, ukuthatha inxaxheba kwimisebenzi yezincoko zomlomo (njengencoko yababini, iincoko, iingxoxo), imisebenzi ebhaliweyo (njengokugcwalisa uxwebu lokusebenzela, ukubhala imihlathi okanye ezinye iindidi zeetekisi), njalo-njalo.

Injongo yokuyila iNkqubo yokuHlola kukuqinisekisa ukuba inkqubo yokuhlola ihlola oko ifanele ukuba ikuhlole, iziphumo azinakuguquguquka ukuba zisetyenzisiwe kwakhona, aludleleleli kwaye lwanele ngokuthi lunike isikhokelo esicacileyo kwiindidi zemisebenzi nepesenti enikwe isakhono ngasinye solwimi esikumsebenzi wokuhlola. Ikwabonisa ugqaliso lokuhlola, oko kukuthi indlela imisebenzi yokuhlola mayenziwe ngayo.

Xa kusenziwa ukuhlola ngokusesikweni, makusetyenziswe iimemorandam, iirubriki , iitsheklisti nezikali zokuhlela nezinye izixhobo zokuhlola ezifanelekileyo ukuqwalasela, ukuhlola nokurekhoda umngangatho wabafundi wokuqonda nesakhono. Khetha isixhobo sokuhlola esifanelekileyo ukuhlola loo msebenzi. Umzekelo, irubriki ilungelele kakhulu ukuhlola umsebenzi wokubhala kunememorandam. Imemorandam ilungelele kakhulu ukuhlola upelo okanye umsebenzi wesicatshulwa esifundwayo.

4. 3. 1 Iimfuno zokuHlola ngokuseSikweni kuLwimi Olongezelelweyo LokuQala

Inkqubo yokuHlola ngokuseSikweni yamaBanga 4-6 iquka imisebenzi e-7 eyenza i-75% yenqaku lokupasa noviwo olu-1 lokuphela konyaka olwenza i-25% okugqibela.

Iimfuno zokuhlola ngokusesikweni zoLwimi Olongezelelweyo Lokuqala zingoluhlobo lulandelayo:

- Imisebenzi emibini yokuhlola ngokusesikweni mayigqitywe ekupheleni kwekota nganye kwiikota ezintathu zokuqala **nomnye** kwikota yesine. Omnye wale misebenzi kufuneka kube luviwo lwaphakathi enyakeni(Juni). Inani lonke lemisebenzi yokuhlola kufuneka ibesixhenxe(7). Lemisebenzi yokuhlola esixhenxe(7) yenza i-75% yamanqaku ewonke oLwimi Lokuqala Olongezelelweyo kumabanga 4, 5 no 6. Eli nqaku lokuhlola ngokusesikweni lizakuquka uviwo lwaphakathi enyakeni(Juni)

- Umsebenzi wokuqala wokuhlola ngokusesikweni kwikota nganye kufuneka wenziwe phakathi kwikota. Umsebenzi wesibini wokuhlola ngokusesikweni kufuneka wenziwe xa kuza kuphela ikota.

- Kuza kubakho uviwo xa kuphela unyaka oluza kubalelwa ama-25% enqaku.

- Umsebenzi ngamnye wokuhlola ngokusesikweni kufuneka wakhiwe yimisetyenzana ehlola ukuPhulaphula nokuThetha, ukuFunda nokuBukela, ukuBhala nokuNikezela neZakhi neMigaqo yokuSetyenziswa koLwimi kwaye kufuneka yenziwe ngexesha lentsuku ezithile. Izakhi neMigaqo yokuSetyenziswa koLwimi kufuneka ihlolwe kwimeko ethile.

- Imisebenzi yokuhlola ngokusesikweni kufuneka ihlole uluhlu lweemiba yezakhono zolwimi ukuze imiba engundoqo ihlolwe ekuhambeni kweekota nonyaka. Qinisekisa ukuba le miba ikhe yahlolwa ngokungekho sesikweni kwaye abafundi bayinikiwe ingxelo phambi kokuba ihlolwe ngokusesikweni.

- Konke ukuhlola kwisiGaba esiPhakathi kwenziwa ngaphakathi.

4. 3. 2 Iintlobo zokuhlola okusesikweni zoLwimi Lokuqala Olongezelelweyo

Iintlobo zokuhlola okusesikweni ezisetyenziswayo mazihambelane neminyaka kunye nangomngangatho wokukhula. Uyilo lwale misebenzi maluqulathe umxholo wesifundo uquke iintlobo ngeentlobo zemisebenzi eyilelwe ukuzuza

iinjongo zezifundo. Mayisekelwe kulwazi nezakhono ezenzwe kulo kota. Sebenzisa isicwangciso sekota sebanga ngalinye ukukhetha uhlobo lwemisebenzi uze usete izakhono ezifunekayo zemisebenzi esesikweni. Umzekelo, ukuba ufuna ukuseta umsebenzi oyilwayo kwibanga lesi-4, Ikota 1 kwaye ufuna abafundi babhale umbongo ungabalindela ukuba babhale ubude obulinganayo obunemvano zandi kuba oku kokufunena kufundisiwe. Ukuba useta itekisi enika ulwazi kwikota yokuqala kufuneka babhale besebenzisa isakhelo. Kwangokufanayo noku Phulaphula noku Thetha akuzokubuza abafundi ukuba benze intetho emfutshane kuba bayenza kamva.

Imisebenzi yokuhlola okusesikweni mayilungiselele uludwe lwamazinga okuqonda njengokuba kubonisiwe ngasezantsi. Intlobo ngeentlobo zendidi zemibuzo ezifana nemibuzo apho abafundi kufuneka bekhethe eyona mpendulo ichanekileyo (*multiple choice*) umhlathi apho kufuneka befakele iimpendulo ezichanekileyo, imibuzo evumela uthelekiso nemibuzo ethe ngqo mayisetyenziswe.

Itheyibhile yamazinga okuqiqa

AmaZinga okuQiqa	Umsebenzi	Ipesenti yoMsebenzi
Izinga lokuqonda usebenzisa intsingiselo yentsusa/ elisisiseko (Izinga loku-1) **Ukucwangcisa ngokutsha** **(Izinga lesi-2)**	Imibuzo ejoliswe kwingcombolo yolwazi ecaciswe gca kwitekisi. • Nika amagama ezinto/abantu/eendawo/eempawu … • Xela izinto eziyinyaniso/izizathu/iingongoma/iimbono … • Chonga izizathu/abantu/izizathu … • Xela izinto eziyinyaniso/izizathu/iingongoma/amagama … • Chaza indawo/umntu/umlinganiswa …. . • Balisa isiganeko/isenzeko/amava … Imibuzo efuna kuhlalutywe, kuyondelelaniswe okanye kucwangciswe ingcombolo yolwazi ecaciswe gca kwitekisi. • Shwankathela iingongoma eziphambili/iimbono ezingundoqo/izinto eziluncedo/ izinto ezingeloncedo … • Qukanisa imiba engundoqo/iimeko eziphambili … • Xela izinto ezifanayo/ezahlukeneyo … • Nika amagqabantshinshi/yithi gqabagqaba….	**Izinga loku-1 nelesi-2: 40%**
Ukuthabatha izigqibo usebenzisa ubungqina (Izinga lesi-3)	Imibuzo efuna umfundi acacise imiyalezo engabekwanga ngokuselubala ngokudibanisa iinkcukacha ezivela kwiindawo ezahlukeneyo zetekisi okanye ngokunxulumanisa izinto ezikrobisa kwimiba ethile ekwitekisi nolwazi asele enalo okanye amava akhe aze athathe izigqibo. • Cacisa indlela ingongoma ephambili enxulumana ngayo nomxholo/nomyalezo … • Thelekisa iimbono/iindlela zokucinga/iziganeko … • Ithini injongo yombhali (okanye yomlinganiswa)/ucinga njani/uqhutywa yintoni/ unika sizathu sini … • Cacisa unobangela/ifuthe … • Isenzo/indlela yokucinga/indlela aphawula ngayo (njalo njalo) ityhila ntoni ngombalisi/umbhali/umlinganiswa … • Isikweko/isifaniso/umfanekiso-ntelekelelo uyichaphazela njani indlela oyiqonda ngayo … • Ucinga ukuba siza kuba yintoni isiphumo/ifuthe lesiganeko (njalo njalo) lesenzo/ lemeko …	**Izinga lesi-3 40%**

AmaZinga okuQiqa	Umsebenzi	Ipesenti yoMsebenzi
Ukuphononong a **(Izinga lesi-4)** **Ukubonakalisa ukuncoma** **(Izinga lesi-5)**	Le mibuzo ingendlela abona ngayo umfundi ngokunxulumene nexabiso nokubaluleka kwento leyo kuthethwa ngayo. Oku kuquka indlela abona ngayo ngokunxulumene nobunyani, ukukholeleka, into eyinyaniso nezimvo, ukungqinisiseka, ukucinga ngombandela nokuqiqisisa ngayo kunye nemiba efana nokufuneka ndawonye nokwamkeleka kwezigqibo neziganeko ngokwasentlalweni. • Ucinga ukuba okwenzeka apho kokukholelekayo/kuyinyaniso/kunokwenzeka …? • Ingaba ingxoxo yombhali ichanekile/iyakholeleka/igqibelele …? • Xoxa/Phawula ngokunzulu ngesiganeko/injongo ethile/unobangela/indlela acinga ngayo/icebo/isiphumo/okucingelwayo … • Ingaba uyavumelana nolu luvo/inkcazelo/indlela abona ngayo othile? • Ngokoluvo lwakho, ngaba umfundi/umbalisi/umlinganiswa ufanelekile ukuba acebise kanje/athathe eli cala elithi……. ? (Xhasa impendulo yakho/Nika izizathu ngempendulo oyinikileyo.) • Ingaba indlela acinga ngayo umlinganiswa/indlela aziphethe ngayo/isenzo asenzileyo silungile okanye samkelekile kuwe? Nika isizathu sempendulo yakho. • Ingaba izenzo/i(i)ndlela yokucinga/izizathu zomlinganiswa …. . zibonisa ntoni ngaye ngokwemeko yentlalo? • Xoxa kuvokotheke/Phawula ngokubalulekileyo okukhankanywe kwitekisi oyifundileyo. Le mibuzo ijoliswe ekuhloleni ifuthe lezengqondo (lesayikholoji) nempembelelo yothando lobuhle betekisi kumfundi. Kugxininiswa kwiimpendulo zomfundi ezingeemvakalelo ezimalunga nomxholo, ekuzichongeleni abalinganiswa okanye iziganeko azithandayo nendlela ayibona ngayo indlela alusebenzise ngayo ulwimi umbhali (njengokuchongwa kwamagama nemifanekiso-ntelekelelo). • Xoxa ngempendulo yakho kwitekisi/kwisiganeko/kwimeko/kwimpixano. . . • Ingaba uyavelana kusini na nomlinganiswa? Wawunokwenza ntoni ukuba yayinguwe owawunokuzibona ukule meko? • Xoxa/Phawula ngendlela umbhali alusebenzise ngayo ulwimi. . . • Xoxa ngokugqibelela kwesimbo sokubhala sombhali/intshayelelo/isiphelo/ imifanekiso-ntelekelelo/izihlonipho/ukusetyenziswa kolwimi lwesihobe/izikrweqe zohlalutyo……. .	**Izinga lesi-4 nelesi-5: 20%**

4. 4 INKQUBO YOKUHLOLA OKUSESIKWENI

Inkqubo yokuhlola iyilwe ngenjongo yokunabisa imisebenzi yokuhlola okusesikweni kuzo zonke izifundo esikolweni apha enyakeni. Inkqubo yokuhlola okusesikweni kufuneka yenziwe sisikolo ukubonisa imihla eyakuthi yenziwe ngayo imisebenzi.

Ilmfuno zesifundo

Iimfuneko zengqokelela yomsebenzi zinikwe ngokweepesenti. Apho kuboniswa khona ama-20 epesenti kwesakhono solwimi, kuthetha ukuba ulwabiwo lokugqibela lwamanqaku eso sakhono malube ngama-20 e pesenti yaxa ewonke, ingabi ngamanqaku angama-20. Izikolo azibekelwanga mda kwinani lamanqaku abelwe isakhono solwimi kodwa ke ziqaphele umlinganiselo owabelwe isakhono ngasinye solwimi somsebenzi ngamnye ngokwepesenti eyabelwe sona kwinkqubo yokuhlola. Umz. kwibanga lwesine uvavanyo lokuqonda lolwimi lungasetelwa amanqaku angama-50 okanye ngaphezulu, kwaye oku kungenziwa ukuba ulwabiwo lamanqaku aluwudluli umlinganiso wokugqibela obekiweyo kwinkqubo yokuhlola.

Kwicandelo lokubhala lwenkqubo yokulungiselela ukubhala okanye inkqubo yonke mayihlolwe ubuncinane kubekanye ngekota. Ubude beetekisi ezibhalwayo njengoko kubonisiwe kwicandelo lwesi-3. 3 mabulandelwe.

Iimviwo

Umxholo woviwo lokuphela konyaka maluthatyathwe kumsebenzi owenziweyo wonyaka, ube yingqokelela ekhethiweyo yezakhono nemisetyenzana eza kubonakalisa ukulungela komfundi ukuzibandakanya nomsebenzi wonyaka olandelayo.

Uviwo maluquke okulandelayo:

- Isicatshulwa esifundwayo kunye nomsebenzi wesigama
- Ukubhala itekisi emfutshane yoyilo (*creative*), kunye nokusetyenziswa ngokufanelekileyo nangokuchanekileyo koyilo, igrama, iimpawu zokubhala/iziphumlisi nopelo.
- Ukubhala itekisi emfutshane (*transactional*) (eyolwazi, ebonwayo, itekisi engezinto zentlao) , kunye nokusetyenziswa ngokufanelekileyo nangokuchanekilo koyilo, igrama, iimpawu zokubhala/iziphumlisi nopelo.
- Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi ukubonisa ulwazi nokuqonda igrama, iimpawu zokubhala/ iziphumlisi nopelo.
- Izakhono zokuphulaphula nokuthetha azivavanywa njengenxalenye yoviwo kuba zivavanywa ebudeni bexesha. Kanti kulindeleke ukuba inqaku lokugqibela (*summative mark*)olusekelwe kuhlolo olusesikweni lwezakhono zokuPhula phula labiwe njengenqaku loviwo. o.

Letheyibhile ingezantsi inika uhlolo olusesikweni lolwimi Lokuqala Olongezelelweyo :

Itheyibhile yenkqubo yokuhlola

IKOTA 1					
I banga 4		**Ibanga 5**		**Ibanga 6**	
Umsebenzi woku 1	**%**	**Umsebenzi woku 1**	**%**	**Umsebenzi woku 1**	**%**
Ukuphulaphula nokuthetha ngebali / ukubalisa ibali lakho ulandelelanisa iziganeko okanye ukunika ulwazi ulandelelanisa iziganeko	20	Ukuphulaphula nokuthetha ngebali / ukunika ulwazi ulandelelanisa iziganeko/ukuthatha inxaxheba kwincoko okanye ukulinganisa	15	Ukuphulaphula nokuthetha ngebali / ukunika ulwazi ulandelelanisa iziganeko/ukuthatha inxaxheba kwincoko okanye kwingxoxo	15
Ukufunda ngokuvakalayo okulungisiweyo	10	Ukufunda ngokuvakalayo okulungisiweyo	10	Ukufunda ngokuvakalayo okulungisiweyo	10
Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi kwimeko ethile	15	Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi kwimeko ethile	15	Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi kwimeko ethile	15
Ukufunda isicatshulwa sebali /itekisi enika ulwazi/ ingxelo yeendaba /ukunika ulwazi ulandelelanisa iziganeko	20	Ukufunda isicatshulwa sebali /itekisi enika ulwaziingxelo yeendaba / ukunika ulwazi ulandelelanisa iziganeko	20	Ukufunda isicatshulwa sebali /itekisi enika ulwazi/ ingxelo yeendaba / ukunika ulwazi ulandelelanisa iziganeko	20
Ukuvakalisa izimvo zakhe ngebali okanye itekisi efundiweyo	10	Ukuvakalisa izimvo zakhe ngebali okanye itekisi efundiweyo	10	Ukuvakalisa izimvo zakhe ngebali okanye itekisi efundiweyo	10
Ukubhala umhlathi : ukubalisa ngawe ulandelelanisa iziganeko esebenzisa isakhelo/inkcazelo yabantu esebenzisa isakhelo	25	Ukubhala umhlathi : ukubalisa iziganeko esebenzisa isakhelo/inkcazelo yabantu / umyalezo	30	Ukubhala imihlathi emithathu ngomxholo webali	30
ITotali	**100**	**ITotali**	**100**	**ITotali**	**100**
Umsebenzi wesi-2	**%**	**Umsebenzi wesi-2**	**%**	**Umsebenzi wesi-2**	**%**
Ukuphula phula nokunika imiyalelo/ ukwenza umbongo/ ingoma (anganeli ukuwucengceleza kodwa awuqonde)	20	Ukuphula phula nokunika imiyalelo/ukuchaza inkqubo ukwenza umbongo (anganeli ukuwucengceleza kodwa awuqonde)	20	Ukuphula phula nokunika imiyalelo/ukuchaza inkqubo ukwenza umbongo (anganeli ukuwucengceleza kodwa awuqonde)	20
Ukufunda isicatshulwa setekisi echaza inkqubo/umbongo/ingoma	30	Ukufunda isicatshulwa setekisi echaza inkqubo/umbongo/ingoma	30	Ukufunda isicatshulwa setekisi echaza inkqubo/umbongo/ingoma	30
Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi kwimeko ethile	20	Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi kwimeko ethile	20	Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi kwimeko ethile	20
Ukubhala imiyalelo elula/ umbongo olula usebenzisa isakhelo	30	Ukubhala imiyalelo elula/ ukunika ulwazi ulandelelanisa iziganeko/umbongo olula usebenzisa isakhelo	30	Ukubhala ikcazelo yenkqubo elula /inkcazelo elula usebenzisa isakhelo/inkcazelo yomntu/ yento	30
ITotali	**100**	**ITotali**	**100**	**ITotali**	**100**

IKOTA 2					
I banga 4		**Ibanga 5**		**Ibanga 6**	
Umsebenzi woku 1	**%**	**Umsebenzi woku 1**	**%**	**Umsebenzi woku 1**	**%**
Ukuphula phula nokuthetha ngetekisi enika ulwazi okanye ibali nokulandela izalathiso/ ukuchaza into	20	Ukuphula phula nokuthetha ngetekisi enika ulwazi/ibali kuquka nokubalisa ibali kwakhona	15	Ukuphula phula nokuthetha ngeenkcazelo zomlomo zezinto/izilwanyana/ukuphulaphula ibali lomntu okanye ukulinganisa	15
Ukufunda ngokuvakalayo itekisi engalungiswanga	10	Ukufunda ngokuvakalayo itekisi engalungiswanga	10	Ukufunda ngokuvakalayo itekisi engalungiswanga	10
Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi kwimeko ethile	15	Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi kwimeko ethile	15	Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi kwimeko ethile	15
Ukufunda isicatshulwa setekisi enika ulwazi/ ibali	20	Ukufunda isicatshulwa setekisi enika ulwazi/ ibali	20	Ukufunda itekisi enika ulwazi/ibali/itekisi engezinto zentlalo	20
Ukuvakalisa izimvo zakhe ngebali / ngetekisi azifundele ngokwakhe	10	Ukuvakalisa izimvo zakhe ngebali / ngetekisi azifundele ngokwakhe	10	Ukuvakalisa izimvo zakhe ngebali / ngetekisi azifundele ngokwakhe	10
Ukushwankathela itekisi enika ulwazi/bhala ibali usebenzisa isakhelo	25	Bhala iinkcazelo zezinto/izityalo/njalo njalo usebenzisa isakhelo/bhala ibali usebenzisa isakhelo	30	Bhala inkcazelo zezinto/izityalo/njl-njl. Bhala ileta yobuhlobo	30
ITotali	**100**	**ITotali**	**100**	**ITotali**	**100**
Umsebenzi wesi-2 (Uviwo lukaJuni)	**%**	**Umsebenzi wesi-2 (Uviwo lukaJuni)**	**%**	**Umsebenzi wesi-2 (Uviwo lukaJuni)**	**%**
Iphepha loku-1: I-orali Ukufunda ngokuvakalayo, ukuphulaphula & ukuthetha	30	Iphepha loku-1: I-orali Ukufunda ngokuvakalayo, ukuphulaphula & ukuthetha	30	Iphepha loku-1: I-orali Ukufunda ngokuvakalayo, ukuphulaphula & ukuthetha	30
Iphepha lesi-2 (iiyure ezi-2): Isicatshulwa Ulwimi kwimeko ethile Ukubhala – imihlathi	 30 15 25	Iphepha lesibini 2 (iiyure ezi-2): Isicatshulwa Ulwimi kwimeko ethile Ukubhala – imihlathi	 30 15 25	Iphepha lesibini : Ukubhala-imihlathi	30
				Iphepha 3 (iiyure ezi-1): Isicatshulwa Ulwimi kwimeko ethile	 25 15
ITotali	**100**	**ITotali**	**100**	**ITotali**	**100**

Qaphela : Inqaku lephepha loku-1 liya kuba luhlolo lokugqibela lwenkqubo yenkqubela phambili yomfundi ukuya kwixesha lolu viwo.

IKOTA 3					
I banga 4		**Ibanga 5**		**Ibanga 6**	
Umsebenzi woku 1	**%**	**Umsebenzi woku 1**	**%**	**Umsebenzi woku 1**	**%**
Ukuphulaphula nokuthetha ngetekisi enika ulwazi okanye ibali/ukuthatha inxaxheba kwincoko/ukwenza umbongo	20	Ukwenza intetho emfutshabe/ukubalisa ibali	15	Ukwenza intetho emfutshabe/ukubalisa ibali	15
Ukufunda ngokuvakalayo itekisi elungisiweyo	10	Ukufunda ngokuvakalayo itekisi elungisiweyo	10	Ukufunda ngokuvakalayo itekisi elungisiweyo	10
Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi kwimeko ethile	15	Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi kwimeko ethile	15	Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi kwimeko ethile	15
Ukufunda itekisi enika ulwazi enemifanekiso/ ibali/ umbongo	20	Ukufunda itekisi enika ulwazi enemifanekiso/ ibali/ umbongo	20	Ukufunda itekisi enika ulwazi enemifanekiso/ ibali/ umbongo	20
Ukuvelisa izimvo zakhe ngetekisi azifundele ngokwakhe	10	Ukuvelisa izimvo zakhe ngetekisi azifundele ngokwakhe	10	Ukuvelisa izimvo zakhe ngetekisi azifundele ngokwakhe	10
Ukubhala isishwankathelo setekisi yolwazi ngenkxaso/ibali	25	Ukugqibezela itekisi enemifanekiso/ ukushwankathela usebenzisa imephu yengqondo/ukubhala ibali elilula elinencoko yababini	30	Ukugqibezela itekisi enemifanekiso/ ukubhala ibali elula	30
ITotali	**100**	**ITotali**	**100**	**ITotali**	**100**
Umsebenzi woku 1	**%**	**Umsebenzi woku 1**	**%**	**Umsebenzi woku 1**	**%**
Ukuphulaphula itekisi enika ulwazi aze achaze indawo/isityalo okanye isilwanyana njl-njl Ukulinganisa imeko eqhelekileyo	20	Ukuthatha inxaxheba kwincoko/kumdlalo weqonga	20	Ukuphulaphula aze alandele imiyalelo/ ukuthatha inxaxheba kwincoko/kumdlalo weqonga	20
Ukufunda itekisi enika ulwazi enemifanekiso/ umdlalo	30	Ukufunda itekisi ebonisa inkqubo/itekisi enika ulwazi/umdlalo	30	Ukufunda itekisi ebonisa inkqubo/itekisi enika ulwazi/umdlalo	30
Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi kwimeko ethile	20	Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi kwimeko ethile	20	Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi kwimeko ethile	20
Ukubhala itekisi enika ulwazi/incoko yababini/isigxeko-ncomo sencwadi (irivyu) esebenzisa isakhelo	30	Ukubhala itekisi enika ulwazi/incoko yababini okanye umdlalo omfutshane esebenzisa isakhelo	30	Ukubhala itekisi enika ulwazi/umdlalo omfutshane	30
ITotali	**100**	**ITotali**	**100**	**ITotali**	**100**

IKOTA 4					
I banga 4		**Ibanga 5**		**Ibanga 6**	
Umsebenzi woku 1	**%**	**Umsebenzi woku 1**	**%**	**Umsebenzi woku 1**	**%**
Ukuphulaphula udliwano-ndlebe okanye umboniso wentetho(talk show)/ ukuphulaphula okanye ukunika umyalezo/ ukuphulaphula isicatshulwa sebali	20	Ukuthatha inxaxheba kwingxoxo/ukubalisa ibali	15	Ukuthatha inxaxheba kwingxoxo/ ukuphulaphula ibali	15
Ukufunda ngokuvakalayo itekisi engalungiswanga	10	Ukufunda ngokuvakalayo itekisi engalungiswanga	10	Ukufunda ngokuvakalayo itekisi engalungiswanga	10
Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi kwimeko ethile	15	Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi kwimeko ethile	15	Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi kwimeko ethile	15
Ukufunda isicatshulwa esinika ulwazi esinemifanekiso, itekisi enencoko yababini/ idayari	20	Ukufunda itekisi ebonwayo/ipowusta/ibali	20	Ukufunda itekisi enika ulwazi /umbongo/ibali	20
Ukuvakalisa izimvo zakhe ngetekisi azifundele yona	10	Ukuvakalisa izimvo zakhe ngetekisi azifundele yona	10	Ukuvakalisa izimvo zakhe ngetekisi azifundele yona	10
Ukubhala umhlathi esebenzisa isakhelo/ itekisi yezinto zentlalo/ukuvelisa itekisi enemifanekiso umz. ipowusta/ibali elinencoko yababini	25	Ukubhala itekisi enika ulwazi esebenzisa isakhelo/ukubalisa ibali kwakhona/ukuvelisa itekisi enemifanekiso esebenzisa isakhelo/ ukubhala isigxeko-ncomo sencwadi (irivyu) esebenzisa isakhelo	30	Ukubhala itekisi enika ulwazi/isigxeko-ncomo sencwadi/ileta yobuhlobo	30
ITotali	**100**	**ITotali**	**100**	**ITotali**	**100**
Umsebenzi wesi-2(Uviwo lokuphela konyaka)	**%**	**Umsebenzi wesi-2(Uviwo lokuphela konyaka)**	**%**	**Umsebenzi wesi-2(Uviwo lokuphela konyaka)**	**%**
Iphepha 1: I-Orali : ukufunda ngokuvakalayo, ukuphulaphula nokuthetha	30	Iphepha 1: I-Orali : ukufunda ngokuvakalayo, ukuphulaphula nokuthetha	30	Iphepha 1: I-Orali : ukufunda ngokuvakalayo, ukuphulaphula nokuthetha	30
Iphepha 2 (Iiyure ezi-2): Isicatshulwa Ulwimi kwimeko ethile Ukubhala neetekisi ezimfutshane eziyilwayo (*creative*) neetekisi ezimfutshane ezinesakhiwo esithile (*transactional*)	 30 15 25	Iphepha 2 (iiyure ezi-2): Isicatshulwa Ulwimi kwimeko ethile Ukubhala neetekisi ezimfutshane eziyilwayo (*creative*) neetekisi ezimfutshane ezinesakhiwo esithile (*transactional*)	 30 15 25	Iphepha lesi 2(Iyure e-1): Ukubhala– neetekisi ezimfutshane eziyilwayo (*creative*) neetekisi ezimfutshane ezinesakhiwo esithile (*transactional*)	30
				Iphepha 3(iyure e-1): Isicatshulwa Ulwimi ngokwemeko ethile	25 15
ITotali	**100**	**ITotali**	**100**	**ITotali**	**100**

Ukuqapela. Inqaku lePhepha loku- 1 liya kuba luhlolo lokugqibela (*summative assessment*) lwenkqubela phambili yomfundi ukuya kweli xesha lolu viwo.

Uhlolo olwenzeka esikolweni kunye noViwo Ibanga 4-5

<table>
<tr><th colspan="5">Inkqubo yokuhlola</th></tr>
<tr><th colspan="5">Uhlolo olwenzeka esikolweni ngokweKota</th></tr>
<tr><td rowspan="2">Uhlolo olwenzeka esikolweni
75%</td><td>Ikota 1:
Imisebenzi emi-2</td><td>Ikota 2:
Umsebenzi om-1
+
Uviwo olu-1 lwaphakathi enyakeni oluqulathe oku:
Amaphepha ama-2 :
Iphepha loku- 1: I Orali: Ukufunda, Ukuphulaphula nokuthetha
Iphepha lesi-2: Iphepha elidibeneyo (iiyure ezi-2)
(Isicatshulwa, ulwimi kwimeko ethile Nokubhala – iitekisi ezimfutshane eziyilwayo (creative) neetekisi ezimfutshane ezinesakhiwo esithile (transactional))</td><td>Ikota 3:
Imisebenzi emi-2</td><td>Ikota 4:
Umsebenzi om-1</td></tr>
<tr><td colspan="3"></td><td>Uviwo lokuphela konyaka olu-1 oluqulathe oku :
Amaphepha ama-2:
Iphepha loku-1: IOrali: Ukufunda, Ukuphulaphula nokuthetha
Iphephe lesi- 2:
(Iiyure ezi-2)
Iphepha elidibeneyo
(Isicatshulwa, ulwimi kwimeko ethile Nokubhala – iitekisi ezimfutshane eziyilwayo (creative) neetekisi ezimfutshane ezinesakhiwo esithile (transactional))</td></tr>
<tr><td>Uviwo
25%</td><td colspan="3"></td><td></td></tr>
</table>

Ukuqapela. Inqaku lePhepha loku- 1 liya kuba luhlolo lokugqibela (*summative assessment*) lwenkqubela phambili yomfundi ukuya kweli xesha lolu viwo.

Uhlolo olwenzeka esikolweni kunye noViwo -Ibanga 6

<table>
<tr><th colspan="5">Inkqubo yokuhlola</th></tr>
<tr><th colspan="5">Uhlolo olwenzeka esikolweni ngokweKota</th></tr>
<tr><td rowspan="2">Uhlolo olwenzeka esikolweni
75%</td><td>Ikota 1:
Imisebenzi emi-2</td><td>Ikota 2:
Umsebenzi om-1
+
Uviwo olu-1 lwaphakathi enyakeni oluqulathe oku:
Amaphepha ama-3 :
Iphepha loku- 1:
I- Orali: Ukufunda, Ukuphulaphula nokuthetha
Iphepha lesi-2: (Iyure e-1)
Ukubhala – iitekisi ezimfutshane eziyilwayo (creative) neetekisi ezimfutshane ezinesakhiwo esithile (transactional)
Iphepha lesi-3 :
Iyure e-1)
Isicatshulwa
Ulwimi kwimeko ethile</td><td>Ikota 3:
Imisebenzi emi-2</td><td>Ikota 4:
Umsebenzi om-1</td></tr>
<tr><td>Uviwo
25%</td><td colspan="3"></td><td>Uviwo olu-1 lokuphela konyaka oluqulathe amaphepha ama-3
Iphepha loku- 1:
I- Orali: Ukufunda, Ukuphulaphula nokuthetha
Iphepha lesi-2 (1 iyure) :
Ukubhala – iitekisi ezimfutshane eziyilwayo (creative) neetekisi ezimfutshane ezinesakhiwo esithile (transactional)
Iphepha lesi-3 (1 iyure) :
Isicatshulwa
Ulwimi kwimeko ethile</td></tr>
</table>

UKUMILA KWEPHEPHA LOVIWO LWAMABANGA 4-6

AMABANGA: 4-5

Uyilo olucetyiswayo loViwo lwaphakathi enyakeni kunye noViwo lokuphela konyaka Lolwimi Lwasekhaya kumabanga 4-5 luhamba ngolu hlobo:

IPHEPA	INKCAZELO	%
1	I-Oral: ukufunda, ukuphulaphula & ukuthetha	30
2 **(iiyure ezi-2)**	Isicatshulwa Ulwimi ngokwemeko Ukubhala – iitekisi ezimfutshane eziyilwayo (*creative*) neetekisi ezimfutshane ezinesakhiwo esithile (*transactional*)	30 15 25
ITOTALI YOVIWO		100

IPHEPHA	INKCAZELO	%
1	Oral: ukufunda, ukuphulaphula & ukuthetha	30
2 **(Iyure e-1)**	Ukubhala – iitekisi ezimfutshane eziyilwayo (*creative*) neetekisi ezimfutshane ezinesakhiwo esithile (*transactional*)	30
3 **(Iyure e-1)**	Isicatshulwa Ulwimi kwimeko ethile	25 15
ITOTALI YOVIWO		100

Uyilo olucetyiswayo lwephepha loviwo lamabanga 4-5

IPHEPHA	ICANDELO	%	
1	**I-Oral: ukufunda/ ukuphulaphula/ ukuthetha**	Ibanga4	Ibanga5
	A : Ukufunda ngokuvakalayo	15	15
	B: Ukuphulaphula nokuthetha: Intetho elungisiweyo/ intetho engalungiswanga / incoko / udliwanondlebe / ingxoxo mpikiswano / ukulinganisa / iingxoxo / isicatshulwa esiphulaphulwayo / ukubonga	15	15
	ITOTALI YEPHEPHA LOKU- 1	**30**	**30**
2	**Ulwimi kwimeko ethile**	**Ibanga4**	**Ibanga 5**
	A : Isicatshulwa (Uludwe lweetekisi zingasetyenziswa kuquka iitekisi ezinemifanekiso okanye iigrafu)	30	30
	B : Ulwimi ▪Izakhi zolwimi (amagama nezivakalisi) mazihlolwe kwimeko ethile kusetyenziswa iindidi zeetekisi ▪Ukuqonda ulwimi	15	15
	Ukubhala		
	A : Itekisi enye - iitekisi ezimfutshane eziyilwayo (*creative*) Amabanga 4-6: ebalisayo / echazayo (Qaphela ukuba inani lamagama kwakunye nemihlathi ebanga ngalinye axeliwe phantsi ko- 3. 3. 2 kolu xwebhu)	15	15
	B: Itekisi enye- iitekisi ezimfutshane (*transactional*) Iileta zoburhulumente & neeleta zobuhlobo eziya kumhleli / isicelo, isikhalazo, uvelwano/ isimemo/umbulelo/ukuvuyisana neleta yorhwebo/inqaku nomhlathi yemagazini/imemorandam/i-ajenda nemizuzu/inqaku lephephandaba nomhlathi/ i-obhitshuwari/ingxelo (esesikweni nengekho sesikweni) /irivyu/iintetho ezibhaliweyo ezisesikweni nezingekho sesikweni /isivi/iibrowutsha/udliwano ndlebe olubhaliweyo/incoko yabantu ababini (Qaphela ukuba inani lamagama kwakunye nemihlathi ebanga ngalinye axeliwe phantsi ko- 3. 3. 2 kolu xwebhu	10	10
	ITOTALI YEPHEPHA LESI- 2	**70**	**70**
	ITOTALI IYONKE	**100**	**100**

Uyilo olucetyiswayo lwephepha loviwo lebanga-6

IPHEPHA	ICANDELO	
1	**I-Orali: ukufunda/ ukuphulaphula/ ukuthetha**	**%**
	A : Ukufunda ngokuvakalayo	15
	B: Ukuphulaphula nokuthetha: Intetho elungisiweyo/ intetho engalungiswanga / incoko / udliwanondlebe / ingxoxo mpikiswano / ukulinganisa / iingxoxo / isicatshulwa esiphulaphulwayo/ ukubonga	15
	ITOTAL YEPHEPHA LOKU-1	**30**
2	**Ulwimi kwimeko ethile**	
	A : Isicatshulwa (Uludwe lweetekisi zingasetyenziswa kuquka iitekisi ezinemifanekiso okanye iigrafu)	25
	B : Ulwimi • Izakhi zolwimi (amagama nezivakalisi) mazihlolwe kwimeko ethile kusetyenziswa iindidi zeetekisi	15
	ITOTALI YEPHEPHA LESI-2	**40**
3	**Ukubhala**	
	A : Itekisi enye - iitekisi ezimfutshane eziyilwayo (*creative*) Amabanga 4-6: ebalisayo / echazayo (Qaphela ukuba inani lamagama kwakunye nemihlathi ebanga ngalinye axeliwe phantsi ko- 3. 3. 2 kolu xwebhu)	15
	B: Itekisi enye- iitekisi ezimfutshane (*transactional*) Iileta zoburhulumente & neeleta zobuhlobo eziya kumhleli / isicelo, isikhalazo, uvelwano/ isimemo/ umbulelo/ukuvuyisana neleta yorhwebo /inqaku nomhlathi yemagazini/imemorandam/i-ajenda nemizuzu/inqaku lephephandaba nomhlathi/ i-obhitshuwari/ingxelo (esesikweni nengekho sesikweni) /irivyu/iintetho ezibhaliweyo ezisesikweni nezingekho sesikweni /isivi/iibrowutsha/udliwano ndlebe olubhaliweyo/incoko yabantu ababini (Qaphela ukuba inani lamagama kwakunye nemihlathi ebanga ngalinye axeliwe phantsi ko- 3. 3. 2 kolu xwebhu)	15
	ITOTALI YEPHEPHA LESI- 3	**30**
	ITOTALI IYONKE	**100**

4. 5 UKUREKHODA NOKUNIKA INGXELO NGOMSEBENZI

Ukurekhoda yinkqubo apho utitshala abhala phantsi izinga lokusebenza lomfundi ngamnye kumsebenzi othile ohlolwayo. Kubonisa inkqubela-phambili yomfundi ekuzixhobiseni ngolwazi oluxeliweyo ngokwee*Nkcazelo zePolisi yeKharityhulam nokuHlola*. Iirekhodi zomsebenzi womfundi kufanele zinike ubungqina ngenkqubela-phambili yomfundi ngokwebanga kunye nokulungela kwakhe ukuqhubela phambili xa epasile ukuya kwibanga elilandelayo. Iirekhodi zomsebenzi womfundi kufanele zisetyenziswe ukungqinisisa inkqubela-phambili eyenziwe ngootitshala nabafundi kwinkqubo yokufundisa nokufunda.

Ukukhupha ingxelo yinkqubo yokwazisa abafundi, abazali babo, isikolo nabanye abathathi-nxaxheba malunga nendlela asebenza ngayo umfundi ezifundweni zakhe gabalala. Zininzi iindlela ezisetyenziswayo ukunika iripoti okanye ingxelo ngomsebenzi womfundi. Ziquka amakhadi eripoti okanye engxelo, ukubiza iintlanganiso nabazali, iintsuku zokutyelela esikolweni, iinkomfa zabazali nootitshala, ukufonela abazali, ukuthumela iileta kubazali, ukuthumela imbalelwano yesikolo okanye yeklasi kubazali, njalo-njalo. Ootitshala kumabanga onke banika iripoti okanye ingxelo ngokweepesenti ngesifundo ngasinye. Imigangatho esixhenxe yokusebenza ichaziwe kwisifundo ngasinye njengoko kudwelisiweyo kwiBanga labaQalayo (R) - 12. Imigangatho eyahlukileyo yokusebenza kunye nemijikelo yayo ngokwepesenti ibonisiwe kwiTheyibhile engasezantsi.

IIKHOWUDI NEEPESENTI ZOKUREKHODA NOKURIPOTA (NOKUNIKA INGXELO NGOMSEBENZI)

Ikhowudi	Inkcazelo ngendlela aqhube ngayo kumsebenzi wakhe umfundi	Ipesenti
7	Uphumelele ngokugqwesileyo	80 – 100
6	Uphumelele emagqabini	70 – 79
5	Uphumelele ngokuqaqambileyo	60 – 69
4	Uphumelele ngokwanelisayo	50 – 59
3	Uphumelele ngokufanelekileyo	40 – 49
2	Uphumelele ngokuyinxalenye	30 – 39
1	Akaphumelelanga	0 - 29

Qaphela: Isikali esimanqaku asixhenxe kufanele sibe neenkcazelo ezinika ingcombolo epheleleyo yezinga ngalinye.

Ootitshala besifundo mabarekhode amanqaku achanekileyo kumsebenzi ngamnye ohlolwayo besebenzisa iphepha lokurekhoda elisemthethweni; banike iripoti ngokweepesenti kwisifundo kumakhadi eeripoti zabafundi.

4. 6 UPHONONONGO LOKUHLOLA

Uphononongo okanye imodareyshini yinkqubo yokuqinisekisa ukuba imisebenzi ehlolwayo ichanekile, yamkelekile kwaye isemigangathweni echanekileyo. Uphononongo lwenziwa esikolweni, kwiklasta/ esithilini, kwiphondo nakwandlunkulu. Zonke iinkqubo ezichanekileyo neziqingqiweyo zokuphononongo okanye zokumodareytha kufuneka zimiliselwe ukungqinisisa yonke imisebenzi yesifundo ehlolwayo. Oku kufanele kwenziwe ubuncinane kanye ngekota.

Ukuphononongo kufanele kuqinisekise ukuba ukuhlola konke kuhlola oko kufanele ukuba kukuhlole, akudleleleli, kwaye nokuba lusetyenziswe kwezinye imeko luya kunika ingxelo ezifanayo, akudleleleli, kwaye kuyangqinisiseka. Ukungqinisiseka kuthetha ukuba umsebenzi kufanele ube ngokufezekiswa kwezakhono ezifundisiweyo njengoko kubonisiwe kuxwebhu lwe-CAPS. Umsebenzi kufuneka ube kumgangatho wemfezeko yezakhono ezithile. Umzekelo, xa kusetwa imibuzo yovavanyo lokuqonda, kufuneka kuvavanywe izakhono zabafundi zokuhlalutya nokulungelelanisa

ulwazi olufumaneka kwitekisi hayi ukuba kubuzwe nje imibuzo engolwazi gabalala enxulumene netekisi.

Abaphononongi esikolweni mabanike ingxelo eyakhayo ngomsebenzi ngokweemfuno ezingasentla ukuqinisekisa ukuba ukuhlola okuqhutywa esikolweni kusemgangathweni kwaye kuchanekile. Ukuphononongа asimsebenzi nje wokubeka esweni nokukhangela inani lemisebenzi eyenziweyo okanye ukujonga ukuba ngaba imemorandam isetyenziswe ngokuchanekileyo kusini na. Kwiilwimi kuthetha ukuba umphononongi uza kunika ingxelo eyakhayo ngokwemigangatho yokubuzwa kwemibuzo kuvavanyo lokuqonda; malunga nobungakanani bomsebenzi obhalwayo; umgangatho wezixhobo zokuhlola kunye namathuba anikiweyo okuphuhliswa kwabafundi ndawonye nendlela utitshala ayikorekisha ngayo incwadi yomsebenzi yomfundi nobungqina bomsebenzi bomfundi.

Ukuphononongа kukwafanele ukuqinisekisa ukuba amanqaku okuhlela anikiweyo awaguquguquki kuzo zonke iiklasi ezikwibanga, nakuwo wonke amabanga akwisigaba. Umzekelo, amanqaku okuhlela angu-3 anikwe ngutitshala omnye mawalingane nezinga lezakhono nolwazi ezinikwe yenye ititshala. Kubalulekile kengoko ukuba ootitshala abaziiNtloko zeziFundo benze uhlolo lwaphakathi ezikolweni rhoqo.

4. 7 ULWAZI GABALALA

Olu xwebhu kufanele lusetyenziswe nalaa alandelayo:

4. 7. 1 [IProtokholi yeSizwe yokuHlola] isihlomelo kuxwebhu oluyipolisi, *isiQinisekiso (iSatifikethi) sikaZwelonke esiPhezulu: isiQinisekiso esikumgangatho wesi-4 kwiSakhelo sikaZwelonke sesiQinisekiso (i-NQF), malunga neProtokholi yeSizwe yokuHlola (kwiBanga R – 12).*

4. 7. 2 Uxwebhu olungeeMfuno zokoNyuselwa nokuPasiswa kwabafundi kwiBanga R – 12.

ULUHLU LWENKCAZELO YAMAGAMA

Abantu abafumana ulwazi (abaphulaphuli, ababukeli) - aba ngabantu ekujoliswe kubo xa kunikezwa ulwazi oluthile; xa beza kuphulaphula okuthethwayo, babuke okukwisicatshulwa ke ngoko, ababhali kufuneka basoloko becinga ngenjongo kwanabantu abamkela ulwazi abaza kufunda, babuke ezo zinxibelelanisi

litherasi - apha kubhekiswa kwiindidi ngeendidi zelitherasi (umz. ukukwazi ukubona uqonde izinto ozibona ngeliso lenyama, imizobo, ukubala, kunye nokulandela izinto ezinxulumene norhwebo).

lindlela ngeendlela zokusebenzisa ulwimi - ezi ndlela ngeendlela zibakho xa kukho ukulungelelaniswa okukhoyo kwisigama, kwiimo zezivakalisi namagama kunye nendlela igama elibizwa ngayo; oku ke kuyahluka kwingingqi nengingqi/kwisizwana nesizwana.

litekisi ezibonwayo neziviwayo- iindlela ezinxulumeneyo zokunxibelelana ezinokuquka iitekisi ezibhaliweyo, ezibonwayo, isandi, ividiyo, njl njl

ljenra(genre)-iintlobo iitekise ezihlanganiswe ngayo, umz. Inoveli, umdlalo, isihobe, ileta yoburhulumente, ileta yobuhlobo

litekisi ezimfutshane- umz. lileta, imizuzu yentlanganiso, iingxelo, iifeksi

Ilitherasi - ilitherasi lulwazi lokufunda nokubhala, ukwazi ukusebenzisa amanani, ulwazi lwekhompyutha, ukuqonda indlela izixhobo ezibonwa ngeliso lenyama ezisetyenziswa ngayo njalo-njalo; eli gama lisenokusetyenziselwa ukubonisa ukukwazi ukulungisa nokusebenzisa ulwazi oluthile, kwanokubhalela iinjongo ezahlukeneyo, kukwabonakalisa ukukwazi ukuvumbulula iintsingiselo

Imbali - kubhekiswa kwibali elibaliswa ngomlomo okanye elibhaliweyo, elinezimvo ezilandelelana kakuhle ngokwendlela iziganeko ezenzeke ngayo

Imephu yengqondo –ukubonisa isihloko apho amagama angundoqo neengcinga zicwangciswe khona ngokuzotywa

Imfano-zandi –amagama anezandi eziphindaphindayo

Imibuzo ekwiqondo eliphezulu- abafundi baqokelela ulwazi kwiziqendu ezahlukileyo zetekisi (ukubumba amagama adityanisiweyo), ukuthelekelela (ukufunda phakathi kwemigca), ukunika ubukhulu bokwenzekayo (nika uluvo) nokuxabisa itekisi (ukuchaza ukuba uyithandile okanye hayi nesizathu)

Imibuzo ekwiqondo elisezantsi- yimibuzo apho abafundi bakhumbula izinto ezenzekileyo, umz. Bangobani abalinganiswa abaphambili ebalini? igama lomlinganiswa ophambili ngubani? Ebefunda phi?

Imibuzo evalekileyo-yimibuzo efuna impendulo enye, umz. ' Ewe' okanye 'hayi'

Imibuzo evulekileyo- imibuzo enokuphendulwa ngeendlela ezahlukileyo; umfundi makaphendule imibuzo esebenzisa amagama aphuma kuye. Umz. Ucinga ukuba inkwenkwe yayi baleka ntoni? Ucinga ukuba ebefanele kukwenza ntoni?

Impixano-ingxabano phakathi kwabalinganiswa ebalini

Impoxo - kusetyenziswa esi sagwelo kuthi kubekho ukuncoma okuphoxayo/yintetho eveza into echasene nale nto ubani ayithethayo; apha kuphoxiswa ngomntu (umz. xa usithi kumntu ofike mva kunani: 'Ndiva kakubi ukuba sifike phambi kwakho'), ube wena umphoxela le nto efike emva kwexesha; sukube apha uphoxisa ngomntu.

Imvakalo-zwi-1. ipateni yokuphakama kwelizwi okanye isandi sokuthetha ukubonakalisa izakhiwo . zokusetyenziswa kolwimi njenge zivakalisi

2. Ikwabonisa umahluko phakathi kweentetho nemibuzo ibonakalise nemvakalelo yesithethi

Imvano-siphelo- amagama okanye imigca yesihobe ephela ngesandi esifanayo nonobumba

Ingxoxo- mpikiswano -kwingxoxo kuphikisana amaqela amabini. Lamaqela anenjongo yokuqinisekisa kumgwebi nabaphulaphuli ukuba umbono wabo kwisihloko esinikiweyo unentsingiselo nokusabeleka ngaphezu kowelinye iqela eliphikisayo.

Inkqubo yolongezelelo lweelwimi ezininzi (*additive multilingualism*) - xa umntu efunda ulwimi (iilwimi) ukongeza kulwimi lwakhe lwasekhaya; oku akuthethi ukuba olu lwimi luthatha indawo yolwimi lwasekhaya, koko lufundwa kunye nalo.

Intsingiselo efihlakeleyo. umz. Amaqhalo nezaci, isikweko, isimntwiso, isifaniso

Intsingiselo yentsusa/eqhelekileyo - yile ntsingiselo icacileyo yegama kuloo meko likuyo. umz. Eli bhastile lam lihle; uthetha ngebhastile eli lihle liligungqu lokudlala, kanti xa intsingiselo ibifihlakele ngesithetha ngobuhle mhlawumbi bentombi.

. **Irejista/Ulwimi oluthethwa ngabantu abathile** - amagama asetyenziswa kwimiba neemeko ezahlukeneyo. Umz. amagama asetyenziswa ngumfundi xa ethetha nomnye umfundi ongumhlobo wakhe ahlukile kumagama awasebenzisa xa ethetha notitshala amhloniphileyo. La ngamagama, okanye isimbo, igrama okanye indlela ubani alinyusa ngayo ilizwi; la magama asetyenziswa ngabantu abathile, okanye ababhali abathile kwiimo okanye iimeko ezahlukeneyo, umz: - xa kubhalwa ileta yobuhlobo okanye yasebuRhulumenteni, ulwimi olusetyenziswayo alufani; kanti naxa uthetha nomntu omdala kunawe, awusebenzisi lwimi lunye njengaxa uthetha nontanga wakho.

Isakhiwo sebali - esi sisicwangciso somsebenzi woncwadi ngakumbi kwiidrama neenoveli; isakhiwo sebali sibandakanya indlela le ilula yokulandelelana kweziganeko, ebonisa uzalwano phakathi kweziganeko, kubonakale futhi ukuba le into yenzeka ngenxa yaleya.

Isifanadumo -kukusebenzisa amagama ukwenza izandi ezizichazayo (umz. Ukuchaphaza kwemvula)

Isifaniso - kuxa ufanisa into ethile nenye; apha kusetyenziswa amagama afana noo "njenge-", "nqwa ne-", "oku kwe", umz. Uhambisa oku kukanina.

Isikweko - sisafobe apho kuthi kusetyenziswe enye into xa kuchazwa enye into, oko kusenziwa kuba ezo zinto zineempawu ezifanayo, umz. UThemba lo yinyoka (kuba enobungozi njengenyoka).

Isimbo – indlela ecacileyo neyodwa umbhali acwangcisa amagama ngayo ukufumana ifuthe elithile. Isimbo sidibanisa kakhulu ingcinga echazwayo nobubodwa bombhali. Ezi zicwangciso ziquka ukhetho lwamagama olulodwa nemiba yobude nesakhiwo sezivakalisi, ithoni nokusebenzisa ukugqebela

Isimntwiso - sisafobe esithi sifanise into engemntu siyifanisa nomntu; kuxa kuthathwe iimpawu zomntu zanikwa izinto ezingengobantu, umz. Tywala ungumlahlekisi (utywala apha benziwe baneempawu zobuntu kwathiwa buyalahlekisa).

Isingqisho – ipateni eqhelekileyo ephindaphindayo yesandi

Isithetha-ntonye/isifanokuthi - ngamagama athetha into enye umz. ukurhala/ukubawa, umtshakazi/umakoti.

Itekisi- intetha okanye uyilo ngokubhala, ukuthetha okanye okubonwayo

Izijekulo- ukushukuma kobuso okanye umzimba ukubonisa intsingiselo(umz. Ukunqwala ngentloko ukubonisa ukuvuma)

Ithoni/imvakalo-zwi - apha kunokubhekiswa kuqala kwindlela ubani abiza ngayo igama; eli gama “ithoni” xa lisetyenziswe nzulu likwabhekisa kwindlela igama elithile elisetyenziswe nzulu ngayo kwisivakalisi; kwisicatshulwa ithoni yegama ibhekisa kwindlela igama elisetyenziswe ngayo kuloo mo, nentsingiselo eliyizisayo; kwifilim ithoni ingaphunyezwa ngohlobo lomculo odlalwayo, kungenjalo imo-ntlalo.

Izicatshulwa ezinobunyaniso – izicatshulwa ezisetyenziswa kwihlabathi (amanqaku amaphepha-ndaba

Izichasi-amagama achasanayo

Udliwano-ndlebe- umsebenzi wokuqokelela ulwazi okanye ingxoxo phakathi kwabantu ubuso ngobuso, kubhekiselwe kwinjongo ethile.

Uhlolo –yinkqubo ecwangcisiweyo eqhubekayo yokuqokelela ulwazi lomfundi ngeendlela ezahlukileyo**.**

Uhlolo oluqhubekayo-luhlolo lwemisebenzi enziwayo unyaka wonke

Ukuhlela-inkqubo yokwenza uyilo lokuqala letekisi nokuliphinda, kuquke nokulungisa ukusetyenziswa kolwimi, iimpwu zokubhala nokufunda neziphoso zopelo, ukukhangela ukubhala okuneengcinga ezinamathelananyo nokwakhiwa kokunamathelana; kwimidiya, ukuhlela kuquka isakhiwo, ukhetho nokuyila iitekisi

Ukukrwaqula - kuxa ubani ebalekisa amehlo xa efunda nokuba sisinxibelelanisi mhlawumbi, esenzela nje ukufumana ulwazi oluthile, umz. ukubalekisa nje amehlo ujonga igama elithile nenombolo yemfonomfono yomntu, okanye ukufumana ixesha emka ngalo ibhasi okanye uloliwe, xa ukrwaqula isicwangcisi-maxesha senkampani yeebhasi

Ukuqal’ugwebe- ukuqala ugwebe umntu, iqela, ingcinga okanye unobangela

Ukuqhawula amagama ngokwezandi- yenye yeendlela zokufunda igama ongalaziyo.

Ukuquka – umthetho-siseko othi imfundo mayifikeleleke kubo bonke abafundi nokuba bafunda njani, imvelaphi yabo nolwazi labo

Ukushicilela- xa abafundi beshicilela umsebenzi wabo, bawenza waziwe ngokwabelana ngawo, umz. Ngokuwunika utitshala, ngokuwuxhoma edongeni leklasi okanye ibhodi yezaziso, okanye ngokuwufakela kwingqokelela yezicengcelezo

Ulwimi lwasekhaya - olu lulwimi abantwana abalufunda ekhaya besakhula, belufunda ngokulinganisa; olu lulwimi abafunda ngalo ukucinga; ulwimi lwasekhaya lomfundi ongumXhosa sisiXhosa.

Ulwimi olongezelelweyo – lulwimi olufundwayo olongezwe kulwimi lwasekhaya.

Ulwimi oluchukumisayo - lulwimi olusetyenziswe ngendlela apha ebanga usizi de ubani athi azive enosizi efuna ukulila, abe novakalelo.

Ulwimi oluqhathayo - kuxa ubani esebenzisa ulwimi oluthile ngendlela yokuqhatha umntu, ezama mhlawumbi ukumphembelela ukuba makawele kweli lakhe icala; umzekelo uyafumaneka kwizibhengezo, apho kusetyenziswa ulwimi olunobuqhetseba ngamanye amaxesha; umz: - Thenga nazi izisulu, zikho namhlanje kuphela.

Ulwimi olusetyenziselwa ukuthetha ngolunye ulwimi - kukho isigama esisetyenziswayo xa sithetha ngolwimi; oku kubandakanya isigama esifana nala magama asetyenziswa ngabantu abafundisa ulwimi: “imeko”, “isimbo sombhali”, “isakhiwo sebali”, “incoko yababini” nesinye isigama.

Umabizwafane - ligama elibizwa, lipelwe ngokufana nelinye, kodwa libe lahlukile ngentsingiselo umz. idolo, eli siguqa ngalo; idolo eliligobe kwindlela yemoto

Umfanekiso-ntelekelelo - kuxa kusetyenziswa amagama adala imifanekiso ezingqondweni zethu njengokusebenzisa izifaniso, izikweko, izimntwiso namanye amagama adala umfanekiso engqondweni yomntu.

Umngangatho wokuzifundela- umngangatho apho umfundi anakho ukufunda itekisi ngocoselelo lwe-95% (kungabikho mpazamo engaphezu kwenye kumagama a -20). Umngangatho wokuzifundela yitekisi enobulula kumfundi.

Umqondiso/isimboli - yinto esetyenziswa imele into ethile, umz: - ihobe ngumqondiso woxolo.

Umsebenzi wokuhlola-umsebenzi wokuhlola abafundi onemisetyenzana okanye iziqingatha.

Umxholo - yeyona mbono ingundoqo kubhalo loncwadi; isicatshulwa singanemixholwana emininzi, eminye kuyo ingacaci gca ibe selubala.

Unobangela (nefuthe)-ukunyuka kwesenzeko okanye isimo

Uvutho-ndaba – elona nqanaba libalulekileyo kwibali apho zonke iziganeko zisencochoyini kwaye ibali liya ngokukhula.